IsiXhosa

IMathematika

Mathematics

3

Ikota 3 | Term 3

Utitshala | Teacher: .....

Bala Wande
Calculating with Confidence

Ikota 3 ⋮ Term 3

IMathematika
Mathematics

INcwadi kaTitshala
Teacher's Guide

IsiXhosa ⋮ English

Le ncwadi sisiqhamo sentsebenziswano phakathi kweqela elibizwa ngokuba yi*Bala Wande–Magic Classroom Collective team* kunye neqela lokuqinisekisa elenziwe ngabantu-ngabantu abakwiiyunivesithi eziliqela ezahlukeneyo, imibutho engalawulwa ngurhulumente (NGOs) esebenza ngemathematika kwakunye neSebe leMfundo esiSiseko. Ezi zixhobo zokufunda zithathela kwiincwadi zemisebenzi eziqulunqwe liSebe leMfundo esiSiseko nakuphindaphindo lwezicwangciso zezifundo (GPLMS, Jika iMfundo, NECT neTMU). Iibhokisi zezixhobo zokusebenza ngobuchule zeBala Wande zayilwa ngokucebisana nabakwaJade Education. Ezi bhokisi zinezixhobo zodidi oluphezulu eziyinxalenye ebalulekileyo yenkqubo yokufundisa nokufunda.

The development of this workbook was carried out by the collaborative *Bala Wande–Magic Classroom Collective team* in consultation with a reference team made up of individuals from several universities, mathematics NGOs and the Department of Basic Education. These materials draw on the DBE workbooks and existing iterations of lesson plans (GPLMS, Jika iMfundo, NECT and TMU). The Bala Wande manipulative boxes were designed in consultation with Jade Education. The boxes provide high quality materials which are an integral part of the teaching and learning programme.

Artists: Mary-Anne Hampton, Angie Bowring and Lexi Meier

www.fundawande.org
ISBN: 978-1-998960-48-4
Version 2.0: 2024

Anyone is free to **share** (copy and redistribute the material in any medium or format) or **adapt** (remix, transform and build on the material for any purpose), provided that you credit the work as follows:
Bala Wande, IMathematika INcwadi kaTitshala, Ibakala 3, Ikota 3, CC BY 4.0.
You may not add terms or measures that legally restrict others from doing anything the licence permits.
For more information: https://creativecommons.org/licenses/by/4.0/

ISIQULATHO | CONTENTS

Ukusebenzisa iBala Wande ekufundiseni imathematika kwisiGaba sesiSeko

1. Yintoni iBala wande?

IBala Wande yinkqubo yemathematika yeFunda Wande.

IFunda Wande ngumbutho ongenanjongo zakwenza nzuzo, oneenjongo zokuqinisekisa ukuba bonke abafundi baseMzantsi Afrika bayakwazi ukufunda ngokuqonda/ukufundela intsingiselo ngeelwimi zasemakhaya xa beneminyaka eli-10.
IBala Wande yinkqubo ehamba neFunda Wande yemathematika (yezibalo) ejolise ekubeni bonke abafundi baseMzantsi Afrika bafumane isiseko esisiso semathematika kwakwiminyaka yamabanga aphantsi.



Sivelisa iividiyo nokubhaliweyo ukuncedisana nootitshala ekufundiseni imathematika kumabanga R–3. Konke esikwenzileyo kufumaneka fele-fele kwaye kuneempepha-mvume zakwa*Creative Commons*, nto leyo ethi kunokusetyenziswa nangubani na.

Thekgo ya lenaneo la Bala Wande le akaretša:

1.1 Isikhokelo sikatitshala



Isikhokelo sikatitshala seBala Wande sinika umkhombandlela wemihla ngemihla wokufundisa imathematika ngendlela eza kubangela abafundi babe nokuqonda imathematika kwaye baqale ukubala ngokuzithemba besebenzisa izixhobo ezikwibhokisi yeBala Wande.

Ngeveki nganye yemisebenzi ecwangcisiweyo, kukho isikhokelo esinamaphepha amabini aneenkcukacha malunga nezibalo zentloko neenxalenye zokuphuhliswa kwesigama sezifundo eziquka:

- Izixhobo ezifunekayo kwimisebenzi yosuku ngalunye
- Iinjongo zemisebenzi yezifundo zemihla ngemihla
- Izinto emakucingwe ngazo xa kufundiswa imisebenzi yesifundo esilungiselelwe iveki



Uvavanyo lwakhelwe kwinkqubo yeBala Wande eqhubekayo.

Using Bala Wande for teaching Foundation Phase mathematics

1. What is Bala Wande?

Bala Wande is the mathematics programme of Funda Wande.

Funda Wande is a not-for-profit organisation that aims to ensure that all learners in South Africa can read for meaning in their home language by the age of 10. Bala Wande is the accompanying mathematics programme that aims to ensure that all learners in South Africa get an effective grounding in mathematics in the early primary school years.

We develop video and print materials to support teachers in the teaching of mathematics in Grades R–3. All our materials are freely available and are Creative Commons licensed, so anyone can use them.

The Bala Wande progamme support includes:

1.1 *Bala Wande Teacher Guide*



The *Bala Wande Teacher Guide* provides a day-by-day guide on how to teach mathematics so that learners will develop their mathematical understanding and begin to calculate with confidence using the resources in the Bala Wande box.

For each week of planned lesson activities, there is a two-page guide that gives an overview of the Mental Maths and concept development components of the lessons, including:

- resources teachers will need for each day's activities
- objectives for the daily lesson activities
- things to think about when teaching the lesson activities for the week

Assessment is built into the Bala Wande programme on a continuous basis.

1.2 Izixhobo ezongezelelweyo zokufunda nokufundisa



Zonke izikolo ezithatha inxaxheba ziza kufumana izixhobo ezongezelelweyo zokuncedisa abafundi nootitshala ezihambelana nezicwangciso zezifundo zeBala Wande. iNcwadi yomfundi yemisebenzi yeBala Wande iyahambelana neCAPS kwaye yincwadi yemisebenzi yabafundi elandelelaniswe ngocoselelo neyenzelwe ukufundisa umsebenzi owenziwa kuloo kota. Le ncwadi yemisebenzi iqulethe amaphepha emisebenzi yeklasi iphela, awabafundi abaza kuyenza nganye nganye nemidlalo elungiselelwe ukufunda imiba yengqiqo efundwayo.

Kukwakho nesichazimagama seBala Wande sesigama semathematika esingeelwimi ezimbini.

Ezinye izixhobo zokufunda eziza kunikezelwa zizixhobo ezifana neebloko zeziseko zamashumi, iimilo eziqinileyo, iwotshi yamanani, oonotsheluza neebloko ezidityaniswayo.

Nceda ukhathalele le LTSM. Siyacela ukuba uzijonge ngenkathalo kuba zixabisa kakhulu kwaye kunzima ukuzifumana kwakhona. Kuza kufuneka usayine ubonise ukuyamkela kwakho le bhokisi kwaye iza kuba luxanduva lwakho ukuyijonga nazo zonke izixhobo ezikuyo ozinikiweyo.



1.3 Iividiyo zeBala Wande zootitshala abaziintshatsheli

Iividiyo zeBala Wande ziqulethe amagqabantshintshi emiboniso yemisebenzi eyenziwa eklasini. Ezi vidiyo zingasetyenziswa ngootitshala xa belungiselela izifundo zabo. Kuza kwenziwa nenzinye iividiyo ezindana zemisebenzi yezifundo ukuze zibe nokufumaneka.

Ezi vidiyo zinika ulwazi nobuchule obufunyenwe kootitshala abaziintshatsheli obuligalelo kwiigqiqo ngemathematika nobuchule bokufundisa.

Ingaba iBala Wande iyahambelana neCAPS?

Ewe. Inkqubo yeBala Wande ijolise ekufundiseni abafundi ukubala ngokuzithemba xa bephumelele ibanga lesi-3. Le nkqubo yenzelwa kanye ikharityhulam yaseMzantsi Afrika kwaye ihambelana nqo neCAPS. IBala Wande ilandela iCAPS elungelelaniswe yiTMU ngemvume efunyenwe kwiSebe leMfundo esiSiseko.

- Umxholo, ukwabiwa kwexesha kunye novavanyo lwezifundo, konke oku kusekelwe kwiCAPS.
- Ukusuka kusuku loku-1 ukya kolwe-4 kwiveki nganye kukho imisebenzi yezifundo elungiselelwe iintsuku ezi-4. Ezi zizifundo ezithatha imizuzu engama-90 (kuquka imisetyenzana yokuqala yemihla ngemihla yezibalo zentloko, ukufundisa okungundoqo usuku ngalunye kunye neminye imisebenzi yamaqela okanye yomntu ngamnye ezimele).
- Usuku lwesi-5 lunika ithuba lokwenza imisebenzi yokuqukanisa neyovavanyo lwezifundo. Sisifundo semizuzu engama-60.
- Izicwangciso zovavanyo zekota namaphetshana amanqaku ziyafumaneka. Yonke imisebenzi yovavanyo inikwe njengemizekelo ukuze ixhase inkqubo yokufundisa nokufunda

1.2 Additional LTSM materials

All participating schools receive additional Learner and Teacher Support Materials (LTSM) that support the Bala Wande lesson plans. The *Bala Wande Learner Activity Book* (LAB) is a CAPS-aligned, carefully sequenced learner workbook that is designed to cover the work to be done in the term. The LAB contains activity sheets for the concept development activities, worksheets for learners to complete individually and games for active learning of concepts being taught.





There is also a Bala Wande bilingual dictionary of mathematical vocabulary.

Other LTSM that will be provided are manipulatives such as base ten blocks, solid shapes, analogue clocks, flard cards and mulitfix cubes.

Please take good care of the LTSM. These materials are costly and cannot be replaced. Teachers will sign to indicate your acceptance of the box and will be held responsible for the care of all the materials given to you.



1.3 The Bala Wande videos of master teachers

The Bala Wande videos contain short clips of classroom footage that exemplify core aspects of the lesson activities. These can be used by teachers as they prepare to teach the lessons themselves. Longer clips of the lesson activities will also be made available.

The videos provide insights from our master teachers into particular mathematical concepts or teaching techniques.

Is Bala Wande CAPS compliant?

The Bala Wande programme was developed specifically for the South African curriculum and is CAPS-compliant. The course follows the TMU reorganised CAPS with permission from the DBE.

- The content, time allocation and assessment for learning all are based on the CAPS.
- Day 1–4 input each week provides planned lesson activities for 4 days. These are 90 minute lessons which include a Mental Maths daily starter activity and core concept teaching suggestions as well as some independent or group work learner activities for each day.
- Day 5 provides an opportunity for consolidation and assessment for learning. It is a 60 minute lesson.
- Assessment term plans and mark sheets are provided. All assessments are given as exemplars to support the teaching and learning programme.

Wamkelekile kwiBanga lesi-3!

KwiBanga lesi-3 sinqwenela ukuba abafundi babe neziqhelo ezilungileyo xa besenza izibalo. Thetha nabo ngokuqaphela ngenyameko loo nto bafanele ukuyenza. Ngosuku ngalunye xa uqalisa umsebenzi waseklasini ozimeleyo, cela abafundi bajonge emaphepheni baze bakuxelele abakubonayo. Bacinga ukuba bafanele ukwenza ntoni?

Isiqhelo 1: Siyazikhangela. Ndibona ntoni? Kufuneka ndenze ntoni?
Isiqhelo 2: Sizoba imifanekiso. Ndingazoba ntoni enokundinceda ndisombulule le ngxaki?
Isiqhelo 3: Sithetha sikhwaza ngezibalo (ngemaths).

Eyona njongo yethu iphambili kulo nyaka kukukhuthaza abafundi ukuba bathethe bakhwaze ngemaths. Yonke imihla, kufuneka ujolise ekubandakanyeni abafundi abaninzi kangangoko kwingxoxo yeklasi yonke. Hamba-hamba uququzelele umsebenzi waseklasini ozimeleyo – buza imibuzo evavanyayo ngenjongo yokufumanisa ukuba ingaba abafundi bayayiqonda na into abayenzayo. Mamela imibuzo abayibuzayo uze uphendule ngokucacileyo abakubuzileyo.

Beka iliso kubafundi abatsala nzima ngengqiqo yamanani alula. Ukuba kukho abafundi abangawaqondiyo amanani asisiseko aqala ku-0 ukuya kwi-10, banike imisetyenzana eyongeziweyo ukuze basebenze ngamanani akolu luhlu kwaye umane ubabuza ngamanani neebhondi zamanani ezikolu luhlu ude uqonde ukuba bayakwazi ukusebenza ngokuzithemba ngamanani aqala 0 ukuya kwi-10.

Eyona nto iyodwa nge-LAB yeBanga lesi-3 kukuba rhoqo ngosuku lwesi-5 kwiveki nganye kubakho icandelo lolwimi kwisifundo. Oku kwenza ukwazi ukuthetha ngemaths ngolwimi lwesiNgesi nolwesiXhosa kwaye uhlaziye amabinzana namagama angundoqo afundiweyo evekini.

Masithethe ngeMaths!

Let's talk Maths!

NgesiXhosa sithi	In English we say
dibanisa	add
thabatha	take away
dibanisa ibe nye	add one
thabatha ibe nye	take away one
thelekisa	compare
inkomo inkulu kunekati	the cow is bigger than the cat
ikati incinci kunenkomo	the cat is smaller than the cow
isine sikhulu kunesithathu	four is bigger than three
isithathu sincinci kunesine	three is smaller than four

Welcome to Grade 3!

In Grade 3 we would like learners to establish good habits while doing maths. Talk to them about looking carefully at what they are supposed to do. Each day when you introduce the independent classwork, ask learners to look at the pages and tell you what they see. What do they think they are supposed to do?

Habit 1: We look by ourselves. What do I see? What must I do?
Habit 2: We draw pictures. What can I draw to help me solve the problem?
Habit 3: We talk out loud about maths.

Our biggest goal this year is to encourage learners to start to talk out loud about maths. Every day, you should aim to involve as many learners as possible in the active concept development activity. Walk around and facilitate the independent classwork – ask probing questions to find out if learners understand what they are doing. Listen to the questions they ask and respond as clearly as possible to what they have asked.

Keep your eye out for learners who are struggling with things such as basic number concept. If there are some who do not seem to understand basic numbers from 0 to 10, give them extra activities to work with numbers in this range. Keep asking them questions about numbers and number bonds in this range until you see that they are able to work confidently with the numbers 0 to 10.

A special feature of the Grade 3 LAB is that on Day 5 every week there is a language component to the lesson. This gives you an opportunity to speak maths in English and IsiXhosa and revise key phrases and words learned over the week.

Masithethe ngeMaths!

Let's talk Maths!

NgesiXhosa sithi	In English we say
dibanisa	add
thabatha	take away
dibanisa ibe nye	add one
thabatha ibe nye	take away one
thelekisa	compare
inkomo inkulu kunekati	the cow is bigger than the cat
ikati incinci kunenkomo	the cat is smaller than the cow
isine sikhulu kunesithathu	four is bigger than three
isithathu sincinci kunesine	three is smaller than four

2. Yintoni esebhokisini?

Ngaphakathi ebhokisi uza kufumana zonke izixhobo ezifunekayo ukuze ukwazi ukulandela inkqubo yeBala Wande.

Isikhokelo sikatitshala • Isikhokelo sikatitshala • Isishwankathelo semiba eza kufundiswa kwiveki nganye • Izibalo zentloko ezicwangciselwe imihla yonke (Usuku 1–4) • Imisetyenzana yokutyebisa (rhoqo ngeveki – Iintsuku 1–4) • Imisebenzi yokufundisa engundoqo exhaswa ziipowusta nezixhobo ezisebhokisini (Iintsuku 1–4) • Iikopi zamaphepha eencwadi zemisebenzi zabafundi (nawo afakwe ngokulandelelana kwisikhokelo sikatitshala) • Uvavanyo lokufunda (Usuku lwesi-5 Kwiiveki 2–8) • Uqukaniso (Usuku lwesi-5 Iiveki 1–9)	
Iividiyo • Izishunqe ezibonisa ootitshala abaziintshatheli befundisa kwaye bexoxa izifundo	
Isichazimagama esineelwimi ezimbini • Isichazimagama esineelwimi ezimbini sesigama semathematika sesiGaba esisiSeko esineenkcazelo nemizekelo	
iNcwadi yemisebenzi yabafundi • Imisebenzi yemihla ngemihla ehambelana nemisebenzi yezifundo • Imisebenzi yemihla ngemihla yabafundi abaza kuyenza ngabanye-ngabanye okanye ngokwamaqela • Imidlalo ehambelana nemisebenzi yezifundo	
Iipowusta • Ikhalenda ka-2023 • Iipowusta ezihambelana nezicwangciso zezifundo	
Izixhobo zokuncedisa zikatitshala • Iintlobo ngeentlobo zezixhobo eziphathekayo oza kuzisebenzisa xa ufundisa	
Ibhokisi yezixhobo zokufunda abafundi • Ibhokisi enye kwiqela ngalinye labafundi aba-6 • Ibhokisi ephethe iindidi ezahlukeneyo zezixhobo zokufunda eziza kusetyenziswa ngabafundi kwimisebenzi yabo	
Izixhobo zovavanyo • Isicwangciso sekota sovavanyo • Imisetyenzana ethethwayo neyenziwayo (emi-2 ngekota) • Imisetyenzana ethethwayo neyenziwayo (Iiveki 2-8) • Iphetshana lokubhala amanqaku elinokusetyenziselwa ukufaka amanqaku eSA SAMS	

2. What's in the box?

Inside the box, you'll find all the resources you need to follow the Bala Wande programme.

Bala Wande Teacher Guide • overview of the concepts to be taught each week • Mental Maths planned for every day (Days 1-4) • enrichment activities (weekly – Day 1) • core concept teaching activities supported by posters and manipulatives from the box (Days 1-4) • copies of the *Learner Activity Book* pages for the day (embedded in sequence in the teacher's guide) • assessment for learning (Day 5 Weeks 2-8) • consolidation (Day 5 Weeks 1-9)	
Videos • clips showing master teachers teaching and discussing the lessons	
Bala Wande bilingual dictionary • a bilingual dictionary of Foundation Phase mathematical terms with explanations and examples	
Bala Wande Learner Activity Book • daily activities that align with the lesson activities • daily activities for learners to work on independently or in groups • games aligned with the lesson activities	
Posters • a 2023 calendar • posters aligned to the lesson plans	
Manipulatives for the teacher • a variety of manipulatives for you to use in your teaching	
Box of manipulatives for learners • one box for each group of 6 learners • the box contains a variety of manipulatives for learners to use in the activities	
Tools for assessment • assessment term plan • oral and practical activities (2 per term) • planned written assessment tasks and activities on the 5th day of each week (Weeks 2-8) • mark record sheet that can be used to enter marks on SA SAMS	

Ufluhlu lwezinto ezifunekayo • Checklist

Iipowusta • Posters

Ikhalenda
Calendar

Umgcamanani (ongenanto 0–10 no-0–20)
Number line
(0–10 and 0–20 blank)

Izikwere ezili-100
100 square

Isikwere se waka 1000
1000 square

Amagama amanani 0–19 (isixhosa)
Number names 0–19 (Isixhosa)

Amagama amanani 10–100 (isixhosa)
Number names 10–100 (Isixhosa)



Amagama amanani 100–1000 (isixhosa)
Number names 100–1000 (Isixhosa)

Imali
Money

Iintsuku zeveki
Days of the week



Iinyanga zonyaka
Months of the year



Ipowusta ixesha elisetyenzisiweyo
Time elapsed poster

Iindonga zamaqhezu
Fraction walls



Iimilo ze-2D
2-D shapes



Izinto zemilo ye-3D
3-D objects

Izixhobo zootitshala nabafundi • Teacher and learner manipulatives

Amakhadi amanani 0-1000 (ootitshala)
Number cards 0-1000
(teacher)
Amakhadi amanani 0-20 (abafundi)
Number cards 0-20
(learner)



Oonotsheluza manani 0-1000 (ootitshala nabafundi)
Flard cards 0-1000
(teacher and learner)



Amakhadi amachokoza 0-10 (alingene ukubonisa)
Dot cards 0-10
(demo size)



Ikiti yamaqhezu emagnethi (ootitshala)
Magnetic fraction kit
(teacher)

Ikiti yamaqhezu (nabafundi)
Fraction kit
(learner)

Iibloko zesiseko seshumi – 1000s, 100s, 10s, 1s (ootitshala nabafundi)
Base ten blocks – 1000s, 100s, 10s, 1s
(teacher and learner)



Amadayisi amabini kumfundi ngamnye
2 dice per learner

Isicuku semali (ootitshala nabafundi)
Money pack
(teacher and learner)

Iwotshi encinci yomfundi eneeyure ezingama-24 (ootitshala nabafundi)
24-hour small clock
(teacher and learner)

Iseti yeejagi zokulinganisela
Measuring jugs set

Irula egotywayo ye-1 m
1 m fold up ruler



Imilo ezine-3D ezineenethi (ezilingene ukubonisa)
3-D shape nets
(teacher demo)



Iteyiphu yokulinganisela e-1 (yokwabelana)
1 tape measure
(to share)

Iinethi zeemilo (iphepha)
Shape nets
(paper)



3. Ndisebenzisa oluphi ulwimi xa ndifundisa imathematika?

Zonke izixhobo zokufunda zeBala Wande zifumaneka ngeelwimi ezimbini. Oku kwenzelwe ukunika inkxaso kuphuhliso lolwimi/lwesigama semathematika ngesiXhosa nangesiNgesi. Oku kwenzelwa ukuba kube lula ukutshintshatshintsha phakathi kwezi lwimi xa kuthethwa ngemathematika. Isichazimagama seBala Wande siza kukunceda ukwazi ukusebenzisa iilwimi ezininzi xa ucacisa amagama athile emathematika xa kuyimfuneko yoko.

Ootitshala abaninizi bemathematika baseMzantsi Afrika bayazixuba iilwimi xa befundisa ngeenjongo zokunceda abafundi babo babe nokuqonda isigama semathemaetika. Oku kuthetha ukuba bayathsintshatshintsha phakathi kweelwimi ezimbini okanye ezingaphezulu xa becacisa imathematika. Uphando lubonisa ukuba ukwenza oku kuba luncedo kakhulu kubafundi. Ukuxuba iilwimi kunceda ootitshala nabafundi bakwazi ukusebenzisa izakhono zabo zolwimi ekufundeni endaweni yokunyinwa lulwimi olunye. Esi siqhelo sisetyenziswa nakumazwe ngamazwe kwaye sibizwa ngokuba yi-'translanguaging' ukuwela imida yeelwimi.

Isiqendu sesi-4 seCAPS ehlaziyiweyo (Uvavanyo) siphehlelela ukusetyenziswa ezininzi ukuze uthethe ngokwemathematika.

4. Ukusebenzisa izicwangciso zezifundo nencwadi yemisebenzi yomfundi

Ukulungiselela iveki elandelayo – iphepha lokuqala lamagqabantshintshi eveki liqulethe oku:

Isishwankathelo esifutshane sezibalo zentloko, imidlalo nemisebenzi yezifundo zeveki nezixhobo zokufunda ekufuneka uzilungisile.

Uluhlu lweenjongo zeveki onokuzisebenzisa ukuqinisekisa ukuba iklasi yakho isekhondweni elichanekileyo.

Inkcazelo yomsebenzi wovavanyo enikwa ngosuku lwesi-5 lweveki.



Ulwahlulo

	Izixhobo
Izibalo zentloko: Yakha ama-20 ngamakhadi amachokoza	*amakhadi amachokoza* katitshala
Umdlalo: *IMaths ekhawulezayo ngamakhadi nedayisi – phindaphinda!*	*Idayisi, amakhadi amanani* abafundi

Usuku	Umsebenzi wesifundo	Izixhobo zezifundo
1	Ulwahlulo	iLAB
2	Ulwahlulo (ulwabilo)	iLAB
3	Ulwahlulo (ukuhlela)	iLAB
4	Ulwahlulo (ulwabiwo nokuhlela))	iLAB
5	Uqukaniso	iLAB

Emva kwale veki umfundi kufuneka akwazi ukwenza oku:	✓
ukufundisa ingqiqo yolwahlulo nendlela yokubhala izivakalisi manani.	
ukuqonda umahluko phakathi kokuhlela nokwaba.	
ukusombulula iingxaki zolwahlulo ngokuchaza itheyibhile yophindaphindo echanekileyo.	

Uvavanyo

Akukho vavanyo lusesikweni kule veki.

Kufuneka ubaqaphele abafundi eklasini yakho yonke imihla kwaye uthathe amanqaku njengenxalenye yovavanyo oluqhubekayo olungekho sesikweni olujolise ekufundeni.

34

3. What language do I use when I teach mathematics?

The Bala Wande material is all bilingual. It supports the development of mathematics language in both isiXhosa and English by moving naturally between languages when speaking about mathematics. The Bala Wande dictionary will helps teachers use more than one language to explain mathematical words if necessary.

Many South African mathematics teachers already code-switch to help their learners understand mathematical concepts and terms. This means that they alternate between two or more languages when explaining mathematics. Research has shown that this is a very useful practice that does indeed help learners to understand. Code-switching allows teachers and learners to draw on all of their language skills to learn, rather than to be limited by one language only. This practice is used internationally and is also called 'translanguaging'.

The revised CAPS Section 4 (Assessment) endorses the use of more than one language to speak mathematically.

4. Using the lesson plans and *Bala Wande Learner Activity Book*

Prepare for the week – the first page of the week overview gives you:

A quick overview of the Mental Maths, games and lesson activities for the week and the resources you need to have ready.

A list of aims for the week that you can use to check whether your class is on track.

A description of the assessment activity which is done on Day 5 of the week.



Division

	Resources
Mental Maths: Make 20 using dot cards	teacher *dot cards*
Game: *Fast maths with dice and cards – multiply!*	*dice, learner number cards*

Day	Lesson activity	Lesson resources
1	Division	LAB
2	Division (sharing)	LAB
3	Division (grouping)	LAB
4	Division (sharing and grouping)	LAB
5	Consolidation	LAB

After this week the learner should be able to:	✓
introduce the concept of division and how to write division number sentences.	
recognise the difference between grouping and sharing.	
solve division problems through identifying the appropriate multiplication times table.	

Assessment

There is no formal assessment this week.

You should observe the learners in your class daily and make notes as part of your informal ongoing assessment for learning.

35

Iphepha lesibini lamagqabantshihtshi eveki liqulethe oku:

Inkcazelo yenkqubela yemisebenzi yezibalo zentloko zeveki kunye nentsalela yomdlalo wevidiyo

Inkcazelo yesigama esingundoqo oza kusifundisa kule veki.

Izinto ezithile ezinokuqwalaselwa evekini. Isenokuba ziimpazamo esizaziyo ezixhaphakileyo ezenziwa ngabafundi okanye imiba ebalulekileyo efuna ukugxininiswa. Amanqaku malunga nesigama esiza kusigxininisa kule veki.



Ulwahlulo

Ividiyo yezibalo zentloko

Kule veki sibethelela ulwazi lweebhondi zama-20 ngokusebenzisa amakhadi amachokoza njengoko besenzile kwikota yesi-2. Xelela abafundi ukuba babe nombono we-10 ngokuzaliso izakhelo zeshumi ezenziwe ngamakhadi amachokoza ashicilelweyo uze wakhe ama-20. Lo msetyenzana uqinisa ulwazi lwabafundi lweebhondi zeshumi nolwalamano olongezelelwayo.

Ividiyo yomdlalo

Kule veki siza kudlala umdlalo othi *iMaths ekhawulezayo ngamakhadi – phindaphindaz!* Lo mdlalo ukhuthaza ubuchule beebhondi zophindaphindo. Ukudlala lo mdlalo abafundi kufuneka babe namakhadi amanani 0 – 20 nedayisi. Qala ngamakhadi amanani anomvo omnye. Kubafundi abafuna umngeni, mabasebenzise onke amakhadi.

Ividiyo yophuhliso lwengqiqo

Kule veki siza kufunda ngolwahlulo sibethelele ulwazi lokwahlula phakathi kokuhlela nokwaba. Sixoxa ngokuqonda izivakalisi manani zolwahlulo ngokusebenzisa ulwazi olungundoqo kwiingxaki zamagama. Kwakhona siyazi ukuba upindaphindo nolwahlulo yimiguqulwa, nokuba singasebenzisa iitheyibhile zophindaphindo zisincede ekusombululeni iingxaki ngokukhawuleza nangempumelelo. Kule veki siza kugxila kaku:

- ukufunda ngengqiqo yolwahlulo nokubhala izivakalisi manani zolwahlulo.
- ukuqonda umahluko phakathi kokuhlela nokwaba.
- ukusombululula iingxaki zokwahlula ngokuchonga iitheyibhile zophindaphindo ezichanekileyo.

Into emayiqatshelwe kule veki

- Kubaluleke kakhulu ukuba abafundi bawuqonde umahluko phakathi kokuhlela nokwaba. Nceda abafundi baqonde ukuba:
- Xa sihlela sazi inani lezinto ezikhoyo eqeleni, ngoko ke sifuna ukwazi inani lamaqela akhoyo.
- Xa sisaba, sazi inani lamaqela akhoyo, ngoko ke ukwaba kuthetha ukuba sifuna ukwazi inani lezinto ezikhoyo eqeleni.
- Bakhuthaze abafundi bancokole ukuze baphuhlise ulwimi lwabo lwemathematika. Qinisekisa ukuba basebenzisa isigama esichanekileyo: **iziphindwa, ucwangcisomanani, imiqolo, iikholamu, bala, phindaphinda, yaba, ulwabiwo, yahlula, amaqela, ukuhlela**

36

Eli phepha likusa kwizishunqe zevidiyo ezinika ulwazi oluvela kootitshala abaziintshatsheli olumalunga nesigama esithile semathamatika okanye ubuchule bokufundisa ngosuku ngalunye.

Kwihlelo leintanethi lesiKhokelo sikaTitshala esikwiwebhusayithi, kukho amaqhagamshela akusa kwiividiyo. Ukuba ucofa kwiphetshana levidiyo yeziBalo zeNtloko, Umdlalo kunye namaGqabantshintshi eVeki, uya kusiwa kuloo vidiyo kanye.

Kufuneka wenze ntoni ukuze ukwazi ukulungiselela iveki nganye

- Funda isikhokelo uze ulingiselele iveki nesifundo ngasinye.
- Bukela iividiyo – zibonisa izishunqe zeklasi yokwenyani apho imisebenzi yesifundo ikhe yalingwa khona nalapho ootitshala abafundise ezo zifundo banika ulwazi neengcebiso.
- Wakube usifundisile isifundo, cinga ngendlela esiqhubeke ngayo. Bhala amanqaku ngezimvo onazo malunga nokuba ungenza ntoni eyahlukileyo ukuba unokufundisa eso sifundo kwakhona.
- Kwiiveki 2-8 kuza kufuneka ulungiselele umsebenzi wovavanyo weveki. Kubaluleke kakhulu ukuba kwiiveki eziza kuba novavanyo oluthethwayo nolwenziwayo ucwangcise indlela oza kubhala ugcine ngayo inkqubela yomfundi ngamnye usebenzise irubriki okanye uluhlu lwezinto ezifunekayo iveki yonke.

Usuku ngalunye

Sebenzisa ifowutshathi ukuze ubone ukulandelelana kwemisebenzi yosuku

Ekuqaleni kosuku ngalunye kunikwa iflowutshathi esisishwankathelo solandwlelwano lwemisebenzi yosuku. Ukuba ucofa kwiqhosha lokudlala kwiqamza lophuhliso lwengqiqo elikumzobo oqukuqelayo, uya kusiwa kwisiqendu sevidiyo yolo suku.



The second page provides more details about the week's activities.

A description of how the Mental Maths activities progress over the week and a reminder of the game video.

A description of the key concepts to be taught over the week.

A list of things teachers must watch out for such as mistakes learners often make or important ideas to emphasise. Notes about the vocabulary to emphasise this week.



Division

Mental Maths video

This week we consolidate knowledge of the bonds of 20 using *dot cards* like we did in Term 2. Tell learners to visualise 10 by filling the *ten frames* created by the printed dot cards and then make 20. This activity strengthens learners' understanding of their bonds of ten and additive relations.

Game video

This week we play *Fast maths with dice and cards – multiply!* This game promotes fluency of multiplication facts. To play the game, learners need their 0-20 number cards and one dice. Start off with one digit number cards. For learners who need a challenge, let them use all the cards.

Conceptual development video

This week we learn about division and consolidate our understanding of the difference between grouping and sharing. We discuss how to make sense of a division number sentence, using the key information in word problems. We also recognise that multiplication and division are inverse operations, and that we can use our multiplication tables to help us solve problems quickly and efficiently. This week we focus on:

- introducing the concept of division and writing division number sentences.
- recognising the difference between grouping and sharing.
- solving division problems through identifying the appropriate multiplication times table.

What to look out for this week

- It is extremely important that learners begin to understand the difference between grouping and sharing. Help learners to recognise that:
- in grouping, we know how many items are in a group, so we are looking for how many groups there are.
- in sharing, we know how many groups there are, so sharing means we are looking for how many items there are in a group.
- Encourage conversation between learners so that they can develop their mathematical language. Ensure they are using the correct vocabulary: **multiples, array, rows, columns, calculate, multiply, times, share, sharing, divide, groups, grouping**

37

This page also refers you to the video clips that provide insights from our master teachers into particular mathematical concepts or teaching techniques.

In the digital version of the *Teacher Guide* on the website, hyperlinks are provided to the videos. If you click on the video slide for the Mental Maths, Game and Weekly Overview, you will be taken to that video.

What teachers need to do to prepare for each week

- Read and prepare for the week and for each lesson
- Watch the videos – these show clips from real classrooms where the lesson activities have been trialled and where the teachers who have taught them provide insights and advice.
- After teaching the lesson, reflect on how it went. Make notes on what went well and what to do differently next time.
- In Weeks 2-8 you will need to prepare for the assessment activity of the week. It is particularly important in the weeks in which there is an oral and practical assessment that you plan how you will be able to record each learner's progress using the rubric or checklist over the course of the week.

Each day

Use the flow diagram to see the sequence of activities for the day

At the start of each day, a flow diagram is given which summarises the sequence of activities for the day. If you click on the play button in the concept development bubble in the flow diagram, you will be taken to that day's video clip.



Xoxa nabafundi ngomhla wanamhlanje usebenzise ikhalenda

Ebhokisini kukho ikhalenda. Ngosuku ngalunye tyumba kunye neklasi unyaka, inyanga, usuku nomhla. Phawula umhla kwikhalenda yodonga. Qaphela imihla yokuzalwa.

Imisetyenzana yokutyebisa

Kukho imisetyenzana yokutyebisa elungisiweyo ukusukela kusuku loku -1-4 kwiveki nganye. Le misetyenzana iyafumaneka kwicandelo lezixhobo elingasemva kwincwadi yabafundi. Abafundi abagqibe msinyane umsebenzi wabo weklasi banako ukwenza lemisetyenzana yotyebiso ekupheleni kwesifundo.

Amaphepha emithombo ye-LAB

Apha ngasemva kwiLAB uya kufumana amakhasi anomxholo kunye nemisiko nto ezo eziza kusetyenziswa ngabafundi. Ezi zixhobo zikwafumaneka nakwisikhokelo sikatitshala ukuze kube lula ukukhangela.


WEEK 3 • DAY 1

Turns and direction

Imisetyenzana yokutyebisa • Enrichment activities

Usuku 1 Day 1

Sombulula usebenzise iibloko.
Solve using blocks.

21 + 43 = _____
54 + 32 = _____
75 + 14 = _____
33 + 45 = _____
67 + 11 = _____

87 – 44 = _____
59 – 16 = _____
76 – 35 = _____
48 – 24 = _____
99 – 57 = _____

Usuku 2 Day 2

Sombulula usebenzise iibloko.
Solve using blocks.

32 + 61 = _____
65 + 23 = _____
27 + 52 = _____
41 + 37 = _____
73 + 12 = _____

96 – 25 = _____
67 – 13 = _____
49 – 31 = _____
75 – 42 = _____
88 – 56 = _____

Usuku 3 Day 3

Sombulula usebenzise iibloko.
Solve using blocks.

15 + 63 = _____
47 + 31 = _____
71 + 18 = _____
55 + 23 = _____
34 + 51 = _____

78 – 35 = _____
57 – 13 = _____
39 – 21 = _____
84 – 42 = _____
68 – 46 = _____

Usuku 4 Day 4

Sombulula usebenzise iibloko.
Solve using blocks.

56 + 42 = _____
28 + 31 = _____
13 + 54 = _____
33 + 15 = _____
42 + 25 = _____

65 – 44 = _____
37 – 25 = _____
46 – 13 = _____
79 – 34 = _____
53 – 21 = _____

79



Discuss the date with learners using the calendar

In the box there is a calendar. Each day identify the year, month, day and date with the class. Mark the date on the wall calendar. Note any birthdays.

Enrichment activities

There are enrichment activities provided for Days 1-4 each week. These can also be found in the Resource section at the back of the LAB. Learners who finish the classwork quickly can do these enrichment activities at the end of a lesson.

LAB resource pages

At the back of the LAB there are some content and cut-out pages for learners to use. They are also included at the end of the *Teacher Guide* for easy reference



WEEK 3 • DAY 1

Turns and direction

Imisetyenzana yokutyebisa • Enrichment activities

Usuku 1 Day 1

Sombulula usebenzise iibloko.
Solve using blocks.

21 + 43 = _____
54 + 32 = _____
75 + 14 = _____
33 + 45 = _____
67 + 11 = _____

87 – 44 = _____
59 – 16 = _____
76 – 35 = _____
48 – 24 = _____
99 – 57 = _____

Usuku 2 Day 2

Sombulula usebenzise iibloko.
Solve using blocks.

32 + 61 = _____
65 + 23 = _____
27 + 52 = _____
41 + 37 = _____
73 + 12 = _____

96 – 25 = _____
67 – 13 = _____
49 – 31 = _____
75 – 42 = _____
88 – 56 = _____

Usuku 3 Day 3

Sombulula usebenzise iibloko.
Solve using blocks.

15 + 63 = _____
47 + 31 = _____
71 + 18 = _____
55 + 23 = _____
34 + 51 = _____

78 – 35 = _____
57 – 13 = _____
39 – 21 = _____
84 – 42 = _____
68 – 46 = _____

Usuku 4 Day 4

Sombulula usebenzise iibloko.
Solve using blocks.

56 + 42 = _____
28 + 31 = _____
13 + 54 = _____
33 + 15 = _____
42 + 25 = _____

65 – 44 = _____
37 – 25 = _____
46 – 13 = _____
79 – 34 = _____
53 – 21 = _____

79



Yenza umsebenzi wezibalo zentloko (imizuzu eli-15)

Izibalo zentloko ziyinxalenye ebalulekileyo yesifundo ngasinye. Imisebenzi yezibalo zentloko siyisebenzisela ukuqinisekisa ukuba abafundi banolwazi olululo olusisiseko. Kukho iividiyo ezibonisa imisebenzi yezibalo zentloko isenziwa eklasini kwaye kukwakho nenkcazelo yemisebenzi yezibalo zentloko zeveki kula magqabantshintshi.

Ngosuku loku-1, Isikhokelo sikaTitshala sinika ulandelelwano lwemifanekiso yemisetyenzana yeZibalo zeNtloko yolo suku. Ngosuku lwesi-2, olwesi-3 nolwesi-4 kukho isikhumbuzo sokwenza kwalo msebenzi ufanayo ekuqaleni kwesifundo.

IZIBALO ZENTLOKO | MENTAL MATHS

Abafundi basebenzisa amakhadi amachokoza ukuze babone ukuba kufuneka kongezwe ezingaphi ukwenza ama-20.

Learners use dot cards to see how many more are needed to make 20.

Ukhumbule ukuqinisekisa umhla nokuphawula irejista yonke imihla.

Remember to check the date and mark the register every day.



Dlalani umdlalo (imizuzu eli-15)

Imidlalo inceda abafundi baqhele basebenzise izakhono ngokuzenzekela kwaye bonwabe xa besenza loo nto. Sisebenzisa imidlalo yeveki ukufundisa nokubethelela iingqiqo ezilula nezakhono ekufuneka zaziwe ngabafundi.

Imidlalo ekwiLAB iboniswa ngemifanekiso yoopopayi/ yeekhathuni. Abafundi bacaciselwe amanyathelo okudlala umdlalo baze baboniswa nendlela abanokuwalandela ngayo la manyathelo.

Umdlalo: Izibalo ezikhawulezayo namakhadi – cwangcisa
Game: Fast maths with cards – order

- Xuba amakhadi aqala ku-0 ukuya kuma-20!
  Mix cards from 0 to 20!
- Wabeke apakishane!
  Place in a pile!
- Veza amakhadi amathathu!
  Flip up three cards!
- Wacwangcise aqale kwelona lincinci ukuya kwelona likhulu!
  Order from smallest to largest!

Do the Mental Maths activity (15 minutes)

Mental Maths is an important component of every lesson. We use the Mental Maths activities to ensure that learners become fluent in the basic facts. There are videos showing the Mental Maths activities in action in the classroom and there is a description of each Mental Maths activity in the overview for the week.

On Day 1, the *Teacher Guide* provides a photographic sequence of the Mental Maths activity for the day. On Days 2, 3 and 4 there is a reminder to do the same activity at the start of the lesson.

Play the game (15 minutes)

Games help learners automatise skills and enjoy themselves while they do it. We use weekly games to teach and consolidate important basic concepts and skills learners need to know.

The games appear in the LAB in cartoon format. Steps for how to play the game are provided and an illustration to help learners follow the steps is also given.

Umdlalo: Izibalo ezikhawulezayo namakhadi – cwangcisa
Game: Fast maths with cards – order

- Xuba amakhadi aqala ku-0 ukuya kuma-20!
  Mix cards from 0 to 20!
- Wabeke apakishane!
  Place in a pile!
- Veza amakhadi amathathu!
  Flip up three cards!
- Wacwangcise aqale kwelona lincinci ukuya kwelona likhulu!
  Order from smallest to largest!

Yenza Uphuhliso lweNgqiqo

Iintsuku ezininzi ziza kuba nomsebenzi uphuhliso iwengqiqo apho uza kusebenza nabafundi ukuze nixoxe imiba ephambili yolo suku.

Kukho iividiyo ezibonisa imisebenzi yeklasi yonke isenziwa eklasini kwaye kukwakho nenkcazelo yemisebenzi efumaneka kumagqabantshintshi eveki.

Ngosuku ngalunye, *isiKhokelo sikaTitshala* sinika ulandelelwano olufotiweyo lomsebenzi wophuhliso lwengqiqo wolo suku.

Do the concept development activity

Most days there will be a concept development activity where the learners work together as a class to discuss the key ideas of the day.

There are videos showing the concept development activity in action in the classroom and there is a description of each activity in the overview for the week.

For each day, the *Bala Wande Teacher Guide* provides a photographic sequence of the concept development activity for the day.

iNcwadi yemisebenzi yomfundi iyinxalenye yesikhokelo sikatitshala

Uphawu luxela ukuba luhlobo luni na lomsebenzi (iklasi yonke, iphepha lomsebenzi).

Imisebenzi yile kanye iza kubonwa ngabafundi ezincwadini zabo.

Apha sinekhathuni yomdlalo oza kudlalwa ngabafundi. Ngokwazisa lo mdlalo mtsha kubafundi kufanele ukuba uboniswe kwiklasi iphela phambi kokuba abafundi badlale ngababini okanye ngokwamaqela.



IVEKI 2 • USUKU 3

Ngaphezulu kuna- okanye ngaphantsi kuna-

IVEKI 2 • WEEK 2

IPHEPHA LOKUSEBENZELA | WORKSHEET

Umdlalo: 1, 2, 3 Veza
Game: 1, 2, 3 Show

I, 2, 3 Veza!
1, 2, 3 Show!

Ezam zingaphantsi kunezakhe.
I have less than him.

Ezam zingaphezulu kunezakhe.
I have more than her.

1 Zeziphi iibhokisi ezinezinto ezilinganayo?
Phawula nge-✓ iibhokisi ezinezinto ezilinganayo.

Which boxes have the same number of objects? Put a tick ✓ in the boxes with the same number of objects.

18 Iveki 2 • Usuku 3 Ngaphezulu kuna- okanye ngaphantsi kuna-

58

Yonke imiyalelo nolwazi inikwa ngesiXhosa nangenguqulelo efumaneka ngesiNgesi.

Amaphepha emisebenzi anomzekelo (oboniswa libala elingwevu nepenisile ebomvu).

The *Bala Wande Learner Activity Book* is embedded in the *Teacher Guide*

The activities are exactly as the learners will see them in their books.

Here, for example, we have a cartoon of a game that the learners will play. In introducing a new game to the learners, it is best to demonstrate the game to the whole class before letting them play in pairs or groups.

The tag indicates that this is a worksheet.



IVEKI 2 • USUKU 3

Ngaphezulu kuna- okanye ngaphantsi kuna-

IVEKI 2 • WEEK 2

IPHEPHA LOKUSEBENZELA | WORKSHEET

Umdlalo: 1, 2, 3 Veza
Game: 1, 2, 3 Show

I, 2, 3 Veza!
I, 2, 3 Show!

Ezam zingaphantsi kunezakhe.
I have less than him.

Ezam zingaphezulu kunezakhe.
I have more than her.

1 Zeziphi iibhokisi ezinezinto ezilinganayo?
Phawula nge-✓ iibhokisi ezinezinto ezilinganayo.

Which boxes have the same number of objects? Put a tick ✓ in the boxes with the same number of objects.

18 Iveki 2 • Usuku 3 Ngaphezulu kuna- okanye ngaphantsi kuna-

58

All instructions and information are given in isiXhosa with an English translation below.

Learner worksheets have a worked example (indicated by the grey background and the red pencil).

5. Ishedyuli yemihla ngemihla, itheyibhile yexesha nesicwangciso sexesha

Ishedyuli yemihla ngemihla Iintsuku 1–4



Ishedyuli yemihla ngemihla Usuku 5



5. Daily schedule, time table and term plan

Daily schedule Days 1–4



Daily schedule Day 5



6. Itheyibhile yexesha

Ixesha ngosuku	Mvulo	Lwesibini	Lwesithathu	Lwesine	Lwesihlanu
10 imiz	Ixesha: lerejista/lekhalenda/iintsuku zokuzalwa/lezaziso				
Imiz eli-5 x 84 okanya Imiz eli-5 x 96	**IZIBALO**				
1 ihure 35 imiz	**UKUFUNDA NOKUBHALA**				
15 imiz	IOrali: lindaba	IOrali: Ukuphulaphula nokuthetha	IOrali: Ukuphulaphula nokuthetha	IOrali: Ukuphulaphula nokuthetha	IOrali: ugxininiso lweveki
UTSHINTSHO: ukulola iipensile, ukukhupha iincwadi, umthambo wezandla					
10 imiz	*Izandi	*Izandi	*Izandi	*Izandi	*Izandi A. Ukufunda amagama ngexesha elibekiweyo B. Ubizelo
10 imiz	*Ukubhala ngesandla	Ukubhala ngesandla	Ukubhala ngesandla	Ukubhala ngesandla	Handwriting
UTSHINTSHO: Izicengcelezo zentshukumo/ ingoma					
15 imiz	Ukufunda: Ukufundelwa ngutitshala ngokuvakalayo	Ukufunda notitshala: Ingqiqo	Ukufunda notitshala: Isigama	Ukufunda notitshala: A. Ulwimi B. Ukuziqhelanisa notyibiliko*	Ukufunda: Ukuphinda ujonge umsebenzi owenza wedwa
15 imiz	Ulwimi lwesibini olongezelelweyo	*Ukubhala Ingqiqo	*Ukubhala Isigama	*Ukubhala Ulwimi	*Ukubhala eyedwa
UTSHINTSHO: Ukuzolula nokuzishukumisa. Amaqela aya emethini ngoFQ					
15 imiz	FQ	FQ	FQ	FQ	FQ
15 imiz	FQ	FQ	FQ	FQ	FQ
(30 imiz ehamba noFQ)	*Umsebenzi owenza wedwa	*Umsebenzi owenza wedwa	*Umsebenzi owenza wedwa	*Umsebenzi owenza wedwa	*Umsebenzi owenza wedwa
45 imiz	**Ulwimi lwesibini olongezelelweyo**				
1 ihure 25 imiz					
30 imiz	*Ulwazi olusisiseko	*Ulwazi olusisiseko	*Ulwazi olusisiseko	*Ukuphinda ujonge umxholo Ulwazi olusisiseko	Incwadi yomsebenzi yeDBE ZB iphepha LK iphepha
UTSHINTSHO: Ukuziqhelanisa nokuphefumla, ukunikezela izixhobo					
30 imiz	EzobuGcisa obubonwayo ULwazi lokuFunda nokuBhala olubonwayo* / Oluphathekayo	EzobuGcisa obubonwayo Oluphathekayo	EzobuGcisa beqonga	EzobuGcisa beqonga	
TRANSITION: Change clothes, move outside, provide equipment					
25 imiz	Ukulungiselela ezemithambo (30 imiz)	Izitishi zomsebenzi wezemithambo	Izitishi zomsebenzi wezemithambo	Izitishi zomsebenzi wezemithambo	Izitishi zomsebenzi wezemithambo

*Ibonisa amaphephe akwiNYY

6. Timetable

Time per day	Monday	Tuesday	Wednesday	Thursday	Friday
10 min	Admin Period: Register/calendar/birthdays/announcements				
5 x 84 min or 5 x 96 min	**MATHS BLOCK**				
1h 35 min	**LITERACY BLOCK**				
15 min	Oral: News	Oral: Listening and Speaking	Oral: Listening and Speaking	Oral: Listening and Speaking	Oral: Review of week
TRANSITION: sharpen pencils, hand out books, hand exercises					
10 min	*Phonics	*Phonics	*Phonics	*Phonics	*Phonics A. TWR B. Dictation
10 min	*Handwriting	Handwriting	Handwriting	Handwriting	Handwriting
TRANSITION: Action rhyme/song					
15 min	Reading: Teacher Read aloud	Shared Reading: Comprehension	Shared Reading: Vocabulary	Shared Reading: A. Language B. Fluency practice*	Reading: Independent work review
15 min	EFAL	*Writing: Comprehension	*Writing: Vocabulary	*Writing: Language	*Independent Writing
TRANSITION: Stretch and shake. Group moves to mat for GGR					
15 min	GGR	GGR	GGR	GGR	GGR
15 min	GGR	GGR	GGR	GGR	GGR
(30 mins parallel to GGR)	*Independent Work	*Independent Work	*Independent Work	*Independent Work	*Independent Work
45 min	**EFAL BLOCK**				
1h 25 min	**LIFE SKILLS BLOCK**				
30 min	*Beginning Knowledge	*Beginning Knowledge	*Beginning Knowledge	Beginning Knowledge concept review	DBE Workbook LS page HL page
TRANSITION: breathing exercise, hand out materials					
30 min	Visual Arts Visual Literacy* / Practical	Visual Arts Practical	Performing Arts	Performing Arts	
TRANSITION: Change clothes, move outside, provide equipment					
25 min	PE set up (30 min)	PE Activity stations	PE Activity stations	PE Activity stations	PE Activity stations

*Indicates LAB page

7. Isicwangciso sekota

	Usuku 1	Usuku 2	Usuku 3	Usuku 4	Usuku 5
Iveki 1 Ulwahlulo	Ulwahlulo	Ulwahlulo (ulwabilo)	Ulwahlulo (ukuhlela)	Ulwahlulo (ulwabiwo nokuhlela)	Uqukaniso
Iveki 1 Ulwahlulo	Ukuziqhelisa ulwahlulo	Ukuziqhelisa ulwahlulo	Ulwahlulo luka-0	Amabali olwahlulo	Uvavanyo noqukaniso
Iveki 3 Indawo nenkcazelo	Imijikelo nenkcazelo	Ukulandela inkcazelo	Iimbonakalo	Iimephu	Uvavanyo noqukaniso
Iveki 4 Ulwahlulo namaqhezu	Ulwahlulo ngeziphindwa	Ulwabiwo olukhokelela kumaqhezu	Amaqhezu	Amaqhezu	Uvavanyo noqukaniso
Iveki 5 Amaqhezu	Amaqhezu	Amaqhezu njengamanani	Amaqhezu kumgcamanani	Amaqhezu kumgcamanani	Uvavanyo noqukaniso
Iveki 6 Ubude	Iimitha	Iisentimitha	Uqikelelo	Ukusebenza ngeeyunithi zobude	Uvavanyo noqukaniso
Iveki 7 Amaqhezu	Ukuthelekisa amaqhezu	Ukudibanisa amaqhezu	Ukuthabatha amaqhezu	Iqhezu lengqokelela	Uvavanyo noqukaniso
Iveki 8 Umjikelezo ne-eriya	Umjikelezo	Umjikelezo	Ieriya	Ieriya	Uvavanyo noqukaniso
Iveki 9 Ubunzima	Iikhilogremu	Iigremu	Uqikelelo lobunzima	Ukusebenza ngeeyunithi zobunzima	Uqukaniso
Iveki 10 Uhlaziyo	Ulwahlulo	Ulwahlulo	Ulwahlulo	Amaqhezu	Umlinganiselo

Inani, Izibalo noLwalamano	**Umlinganiselo**	**Indawo neemilo**

7. Term plan

	Day 1	Day 2	Day 3	Day 4	Day 5
Week 1 Division	Division	Division (sharing)	Division (grouping)	Division (sharing and grouping)	Consolidation
Week 2 Division	Practising division	Practising division	Division of 0	Division stories	Assessment and consolidation
Week 3 Position and direction	Turns and direction	Following directions	Views	Maps	Assessment and consolidation
Week 4 Division and fractions	Division using multiples	Sharing leading to fractions	Fractions	Fractions	Assessment and consolidation
Week 5 Fractions	Fractions	Fractions as numbers	Fractions on a number line	Fractions on a number line	Assessment and consolidation
Week 6 Length	Metres	Centimetres	Estimation	Working with units of length	Assessment and consolidation
Week 7 Fractions	Comparing fractions	Adding fractions	Subtracting fractions	Fraction of a collection	Assessment and consolidation
Week 8 Perimeter and area	Perimeter	Perimeter	Area	Area	Assessment and consolidation
Week 9 Mass	Kilograms	Grams	Estimation of mass	Working with units of mass	Consolidation
Week 10 Revision	Division	Division	Division	Fractions	Measurement

Number, Operations and Relationships	**Measurement**	**Space and Shape**

8. Isicwangciso sovavanyo sekota yoku-3

Uvavanyo lwekota luyilelwe kwizicwangciso zezifundo. Luquka imisebenzi ebhalwayo, ethethwayo neyenziwayo. Isicwangciso sovavanyo sekota yoku-3 sifumaneka ngezantsi.

Usuku lwesi-5 lweveki nganye lucwangciselwe uvavanyo noqukaniso

Kwiveki yoku-1, 9 nakweye-10 akukho msebenzi wovavanyo olusesikweni. Ngosuku lwesi-5 kufuneka abafundi basebenzele emaphepheni akwincwadi yemisebenzi yabafundi ukuhlanganisa umsebenzi weveki. Kungenziwa uvavanyo olungekho sikweni.



Kwiveki yesi-3 nakweye-6 kwenziwa izicwangciso zovavanyo oluthethwayo nolwenziwayo. Xa uvavanya abafundi uza kusebenzisa imisebenzi eyenziwayo/esebenzisayo nerubriki oyinikwe kumagqabantshintshi eveki. Imisebenzi ethethwayo neyenziwayo kufuneka yenziwe iveki yonke, ngokuzimela okanye ngokwamaqela abafundi xa iklasi isenza imisebenzi yaseklasini yomfundi ngamnye.

Kwiiveki 2-8 kulungiselelwa uvavanyo olubhalwayo. Le misebenzi ifumaneka kwincwadi yemisebenzi yomfundi. Bakugqiba ukwenza umsebenzi wovavanyo abafundi bangasebenza ngamaphepha okusebenzela oqukaniso asezincwadini zabo zemisebenzi.

Iimvavanyo ezikwikota yoku-3 zezi:

Iveki			Amanqaku
2	Ulwahlulo	olubhalwayo	12
3	Imbonakalo	olubhalwayo	10
3	Qwalasela abafundi ukuze uvavanye izakhono zabo zokuchonga indawo nokulandela inkcazelo	oluthethwayo nolwenziwayo	6
4	Sharing and fractions	olubhalwayo	11
5	Amaqhezu	olubhalwayo	10
6	Ubude	olubhalwayo	8
6	Qaphela abafundi ukuze uvavanye izakhono zabo zokulinganisa ubude	oluthethwayo nolwenziwayo	5
7	Amaqhezu	olubhalwayo	10
8	Umjikelezo ne-eriya	olubhalwayo	10

8. Term 3 assessment plan

The assessment for the term is designed into the lesson plans. Assessment includes written, oral and practical activities. The assessment plan for Term 3 is provided below.

Day 5 of each week is planned for assessment and consolidation

In Weeks 1, 9 and 10, there is no formal assessment activity. On Day 5 learners should work on the worksheets provided in the *Bala Wande Learner Activity Book* to consolidate the work for the week. Informal assessment can be done.



In Weeks 3 and 6, oral and practical assessment activities are planned. You will use practical activities and the rubric provided in the week overview to assess learners. Oral and practical activities should be carried out throughout the week, individually or in groups of learners, while the class is busy with the independent classwork activities.

In Weeks 2-8, written assessment activities are planned. These are provided in the *Learner Activity Book*. After they have completed the written assessment activity learners can work on the consolidation worksheets in the *Learner Activity Book*.

Term 3 assessments are as follows

Week			Marks
2	Division	written	12
3	Views	written	10
3	Observe learners to assess their ability to identify positions and follow directions	oral and practical	6
4	Sharing and fractions	written	11
5	Fractions	written	10
6	Length	written	8
6	Observe learners to assess their ability to estimate and measure length in m and cm and solve length problems.	oral and practical	5
7	Fractions	written	10
8	Perimeter and area	written	10

9. Iphetshana lamanqaku ovavanyo lwekota yoku-3

Iveki	2	4	5	7		3	3	8		6	6		
Ibanga 3 Ikota 3 **IMathematika** **Iphetshana lamanqaku ovavanyo olusesikweni elicetyiswayo**	Inani: Olubhalwayo	Inani: Olubhalwayo	Inani: Olubhalwayo	Inani: Olubhalwayo	AMANQUAKU AMANANI EWONKE	Indawo neemilo: Olubhalwayo	Indawo neemilo: Othethwayo nowenziwayo	Indawo neemilo: Olubhalwayo	AMANQUAKU INDAWO NEEMILO	Umlinganiselo: Olubhalwayo	Umlinganiselo: Othethwayo nowenziwayo	AMANQAKU ECANDELO LOMLINGANISELO	AMANQAKU EKOTA
Amanqaku	12	11	10	10	43	10	6	10	26	8	5	13	82
Igama nefani yomfundi													

Inani, Izibalo noLwalamano	Umlinganiselo	Indawo neemilo

9. Term 3 assessment mark sheet

Week	2	4	5	7		3	3	8		6	6		
Grade 3 Term 3 **Mathematics** **Suggested formal assessment mark record sheet**	Number: Written	Number: Written	Number: Written	Number: Written	TOTAL FOR NUMBER	Space and shape: Written	Space and shape: Oral and practical	Space and shape: Written	TOTAL FOR SPACE AND SHAPE	Measurement: Written	Measurement: Oral and practical	TOTAL FOR MEASUREMENT	TERM TOTAL
Marks	12	11	10	10	43	10	6	10	26	8	5	13	82
Learner name and surname													

Number, Operations and Relationships	Measurement	Space and Shape

Ulwahlulo

	Izixhobo
Izibalo zentloko: Yakha ama-20 ngamakhadi amachokoza	*amakhadi amachokoza* katitshala
Umdlalo: *IMaths ekhawulezayo ngamakhadi nedayisi – phindaphinda!*	*Idayisi, amakhadi amanani* abafundi







Usuku	Umsebenzi wesifundo	Izixhobo zezifundo
1	Ulwahlulo	iLAB
2	Ulwahlulo (ulwabilo)	iLAB
3	Ulwahlulo (ukuhlela)	iLAB
4	Ulwahlulo (ulwabiwo nokuhlela))	iLAB
5	Uqukaniso	iLAB

Emva kwale veki umfundi kufuneka akwazi ukwenza oku:	✓
ukufundisa ingqiqo yolwahlulo nendlela yokubhala izivakalisi manani.	
ukuqonda umahluko phakathi kokuhlela nokwaba.	
ukusombulula iingxaki zolwahlulo ngokuchaza itheyibhile yophindaphindo echanekileyo.	

Uvavanyo

Akukho vavanyo lusesikweni kule veki.

Kufuneka ubaqaphele abafundi eklasini yakho yonke imihla kwaye uthathe amanqaku njengenxalenye yovavanyo oluqhubekayo olungekho sesikweni olujolise ekufundeni.

Division

	Resources
Mental Maths: Make 20 using dot cards	teacher *dot cards*
Game: *Fast maths with dice and cards – multiply!*	*dice,* learner *number cards*





Day	Lesson activity	Lesson resources
1	Division	LAB
2	Division (sharing)	LAB
3	Division (grouping)	LAB
4	Division (sharing and grouping)	LAB
5	Consolidation	LAB

After this week the learner should be able to:	✓
introduce the concept of division and how to write division number sentences.	
recognise the difference between grouping and sharing.	
solve division problems through identifying the appropriate multiplication times table.	

Assessment

There is no formal assessment this week.

You should observe the learners in your class daily and make notes as part of your informal ongoing assessment for learning.

Ulwahlulo

Ividiyo yezibalo zentloko

Kule veki sibethelela ulwazi lweebhondi zama-20 ngokusebenzisa amakhadi amachokoza njengoko besenzile kwikota yesi-2. Xelela abafundi ukuba babe nombono we-10 ngokuzalisa izakhelo zeshumi ezenziwe ngamakhadi amachokoza ashicilelweyo uze wakhe ama-20. Lo msetyenzana uqinisa ulwazi lwabafundi lweebhondi zeshumi nolwalamano olongezelelwayo.



Ividiyo yomdlalo

Kule veki siza kudlala umdlalo othi *IMaths ekhawulezayo ngamakhadi – phindaphinda!* Lo mdlalo ukhuthaza ubuchule beebhondi zophindaphindo. Ukudlala lo mdlalo abafundi kufuneka babe namakhadi amanani 0–20 nedayisi. Qala ngamakhadi amanani anomvo omnye. Kubafundi abafuna umngeni, mabasebenzise onke amakhadi.



Ividiyo yophuhliso lwengqiqo

Kule veki siza kufunda ngolwahlulo sibethelele ulwazi lokwahlula phakathi kokuhlela nokwaba. Sixoxa ngokuqonda izivakalisi manani zolwahlulo ngokusebenzisa ulwazi olungundoqo kwiingxaki zamagama. Kwakhona siyazi ukuba upindaphindo nolwahlulo yimiguqulwa, nokuba singasebenzisa iitheyibhile zophindaphindo zisincede ekusombululeni iingxaki ngokukhawuleza nangempumelelo. Kule veki siza kugxila koku:

- ukufunda ngengqiqo yolwahlulo nokubhala izivakalisi manani zolwahlulo.
- ukuqonda umahluko phakathi kokuhlela nokwaba.
- ukusombulula iingxaki zokwahlula ngokuchonga iitheyibhile zophindaphindo ezichanekileyo.

Into emayiqatshelwe kule veki

- Kubaluleke kakhulu ukuba abafundi bawuqonde umahluko phakathi kokuhlela nokwaba. Nceda abafundi baqonde ukuba:
  - Xa sihlela sazi inani lezinto ezikhoyo eqeleni, ngoko ke sifuna ukwazi inani lamaqela akhoyo.
  - Xa sisaba, sazi inani lamaqela akhoyo, ngoko ke ukwaba kuthetha ukuba sifuna ukwazi inani lezinto ezikhoyo eqeleni.
- Bakhuthaze abafundi bancokole ukuze baphuhlise ulwimi lwabo lwemathematika. Qinisekisa ukuba basebenzisa isigama esichanekileyo: **iziphindwa**, **ucwangcisomanani**, **imiqolo**, **iikholamu**, **bala**, **phindaphinda**, **yaba**, **ulwabiwo**, **yahlula**, **amaqela**, **ukuhlela**

Division

Mental Maths video

This week we consolidate knowledge of the bonds of 20 using *dot cards* like we did in Term 2. Tell learners to visualise 10 by filling the *ten frames* created by the printed dot cards and then make 20. This activity strengthens learners' understanding of their bonds of ten and additive relations.



Game video

This week we play *Fast maths with dice and cards – multiply!* This game promotes fluency of multiplication facts. To play the game, learners need their 0-20 number cards and one dice. Start off with one-digit number cards. For learners who need a challenge, let them use all the cards.



Conceptual development video

This week we learn about division and consolidate our understanding of the difference between grouping and sharing. We discuss how to make sense of a division number sentence, using the key information in word problems. We also recognise that multiplication and division are inverse operations, and that we can use our multiplication tables to help us solve problems quickly and efficiently. This week we focus on:

- introducing the concept of division and writing division number sentences.
- recognising the difference between grouping and sharing.
- solving division problems through identifying the appropriate multiplication times table.

What to look out for this week

- It is extremely important that learners begin to understand the difference between grouping and sharing. Help learners to recognise that:
  - in grouping, we know how many items are in a group, so we are looking for how many groups there are.
  - in sharing, we know how many groups there are, so sharing means we are looking for how many items there are in a group.
- Encourage conversation between learners so that they can develop their mathematical language. Ensure they are using the correct vocabulary: **multiples**, **array**, **rows**, **columns**, **calculate**, **multiply**, **times**, **share**, **sharing**, **divide**, **groups**, **grouping**

IVEKI 1 • USUKU 1

Ulwahlulo

IZIBALO ZENTLOKO MENTAL MATHS → **YAKHA AMA-20 NGAMAKHADI AMACHOKOZA** MAKE 20 USING DOT CARDS → **UMDLALO** GAME → **UPHUHLISO LWENGQIQO** CONCEPT DEVELOPMENT → **AMAPHEPHA LOKUSEBENZELA** WORKSHEETS

IZIBALO ZENTLOKO | MENTAL MATHS

Abafundi basebenzisa amakhadi amachokoza ukuze babone ukuba kufuneka kongezwe ezingaphi ukwenza ama-20.

Learners use *dot cards* to see how many more are needed to make 20.

Ukhumbule ukuqinisekisa umhla nokuphawula irejista yonke imihla.

Remember to check the date and mark the register every day.





Division

Imisetyenzana yokutyebisa • Enrichment activities

Usuku 1 Day 1

Bonisa ngoonotsheluza nangeebloko zesiseko se-10.
Show with flard cards and base 10 blocks.

41

78

12

53

87

69

33

42

28

95

Usuku 2 Day 2

Bonisa ngoonotsheluza nangeebloko zesiseko se-10.
Show with flard cards and base 10 blocks.

17

25

88

37

61

46

24

79

92

56

Usuku 3 Day 3

Gqibezela izivakalisi manani. Bhala ama-10 nemivo.
Complete the number sentences. Write the 10s and 1s.

34 = _____ + _____

57 = _____ + _____

85 = _____ + _____

19 = _____ + _____

46 = _____ + _____

28 = _____ + _____

71 = _____ + _____

53 = _____ + _____

64 = _____ + _____

97 = _____ + _____

Usuku 4 Day 4

Gqibezela izivakalisi manani. Bhala ama-10 nemivo.
Complete the number sentences. Write the 10s and 1s.

17 = _____ + _____

81 = _____ + _____

59 = _____ + _____

99 = _____ + _____

23 = _____ + _____

41 = _____ + _____

39 = _____ + _____

66 = _____ + _____

26 = _____ + _____

74 = _____ + _____

Ulwahlulo

UPHUHLISO LWENGQIQO | CONCEPT DEVELOPMENT

Yabela abahlobo aba-3 iilekese ezili-15 ngokulinganayo.
Share these 15 sweets equally between 3 friends.

Ndinika umhlobo ngamnye ilekese e-1 zide ziphele kungabikho ishiyekayo. Umhlobo ngamnye ufumana iilekese ezi-5.
I give 1 sweet to each friend until there are no sweets left over. Each friend gets 5 sweets.

1

Ukuba ndinika umhlobo ngamnye izitoki ezi-3, bangaphi abahlobo abaza kufumana izitoki.
If I give 3 lollipops to each friend, how many friends will get lollipops?

Ukuba umhlobo ngamnye ufumana izitoki ezi-3, ba-5 abahlobo abaza kufumana izitoki.
If each friend gets 3 lollipops, 5 friends will get lollipops.

2

Uqaphele ntoni ngezi ngxaki sizisombululeyo?
What did you notice about the two problems we solved?

Apha besilazi inani labahlobo abakhoyo, kodwa singazi ukuba baza kufumana iilekese ezingaphi.
First we knew how many friends there were, but not how many sweets they would get.


3

Apha besilazi inani lezitoki abaza kuzifumana, kodwa singalazi inani labahlobo abakhoyo.
Then we knew how many lollipops they would get, but not how many friends there were.

Nika ezinye iingxaki ezahlukeneyo ezifana nezi ukuze abafundi baziqhelise ukwaba nokuhlela xa besombulula iingxaki. Bakhuthaze abafundi ukuba baxoxe babelane ngezimvo.

Provide a variety of similar problems so that learners can practise sharing and grouping to solve problems. Encourage learners to discuss and share their ideas.

Division

IVEKI • WEEK 1

USUKU 1 • DAY 1

Ulwahlulo
Division

IZIBALO ZENTLOKO (MENTAL MATHS) — YAKHA AMA-20 NGAMAKHADI AMACHOKOZA (MAKE 20 USING DOT CARDS) → UMDLALO (GAME) → UPHUHLISO LWENGQIQO (CONCEPT DEVELOPMENT) → AMAPHEPHA OKUSEBENZELA (WORKSHEETS)

Umdlalo: IMaths ekhawulezayo ngedayisi namakhadi – phindaphinda!
Game: Fast maths with dice and cards – multiply!

- Dlalani ngababini.
  Play in pairs.
- Guqula ikhadi uze uphose idayisi.
  Turn a card and throw a dice.
- Phindaphinda!
  Multiply!

1 Yabela abahlobo ngokulinganayo. Uza kufumana ezingaphi umhlobo ngamnye?
Share equally between the friends. How many will each friend get?



2

IVEKI 1 • USUKU 1

Ulwahlulo

2 Yabela aba bantwana iintyatyambo ngokulinganayo.
Share the flowers equally.

2  ____ ÷ 2 = ____	3  ____ ÷ 3 = ____
9  ____ ÷ 9 = ____	6  ____ ÷ 6 = ____

3 Beka ngokwamaqela alinganayo. Mangaphi amaqela aza kubakho?
Put into equal groups. How many groups will there be?

8  32 ÷ 8 = 4	3  21 ÷ 3 = ____
7  42 ÷ 7 = ____	5  30 ÷ 5 = ____

4 Fakela umbala.
Colour.

I-15 lahlulwa libe ngamaqela ama-3 ezi-5. 15 divided into 3 groups of 5.	Ama-80 ahlulwa abe ngamaqela asi-8 ama-10. 80 divided into 8 groups of 10.	i-18 lahlulwa libe ngamaqela ama-2 e-9. 18 divided into 2 groups of 9.
		
15 ÷ 3 = 5	____ ÷ ____ = ____	____ ÷ ____ = ____

Division (sharing)

IZIBALO ZENTLOKO
MENTAL MATHS

YAKHA AMA-20 NGAMAKHADI AMACHOKOZA
MAKE 20 USING DOT CARDS

→ UMDLALO
GAME

→ UPHUHLISO LWENGQIQO
CONCEPT DEVELOPMENT

→ AMAPHEPHA LOKUSEBENZELA
WORKSHEETS

UPHUHLISO LWENGQIQO | CONCEPT DEVELOPMENT

Yabela iingxowa ezi-4 izibalisi ezingama-24.
Share 24 counters equally into 4 bags.

Ingxowa nganye ifumana izibalisi ezi-6.
Each bag gets 6 counters.



Kukho amaqela ama-4 ezi-6. Oko kuthetha ukuba 24 ÷ 4 = 6 uyafana no-4 x 6 = 24.
There are 4 groups of 6. That means that 24 ÷ 4 = 6 is the same as 4 x 6 = 24.

Yalatha izivakalisi manani uze uthethe ngendlela esinokusebenzisa ngayo iitheyibhile zophindaphindo zisincede ekusombululeni iingxaki zokwaba/zokwahlula.

Point to the number sentences and talk about how we can use multiplication tables to help us solve sharing division problems.

Athetha ntoni ama-24 nesi-4 ku-24 ÷ 4 = 6?
What do the 24 and the 4 mean in 24 ÷ 4 = 6?

Ama-24 asixelela inani lezibalisi ezikhoyo zizonke.
The 24 tells us how many counters there are altogether.

Isi-4 simele inani leengxowa esinazo.
The 4 tells us the number of bags that we have.

Simele ntoni isi-6 apha 24 ÷ 4 = 6?
What does the 6 mean in 24 ÷ 4 = 6?

Isi-6 sisixelela ngenani bhalisi ezikwingxowa nganye.
The 6 tells us the number of counters that go in each bag.

Sombulula iingxaki zolwabiwo eziliqela uze ukhuthaze abafundi baxoxe ngentsingiselo yezivakalisi manani zolwahlulo, ubabonise nonxulumano phakathi kolwahlulo nophindaphindo.

Work through many sharing problems, encouraging learners to discuss what the division number sentences mean and make the connection between division and multiplication.

IVEKI 1 • USUKU 2

Ulwahlulo (ulwabilo)

IVEKI • WEEK 1

USUKU 2 • DAY 2

Ulwahlulo (ulwabiwo)
Division (sharing)

IZIBALO ZENTLOKO — MENTAL MATHS: YAKHA AMA-20 NGAMAKHADI AMACHOKOZA — MAKE 20 USING DOT CARDS → UMDLALO — GAME → UPHUHLISO LWENGQIQO — CONCEPT DEVELOPMENT → AMAPHEPHA OKUSEBENZELA — WORKSHEETS

1 Sombulula ezi ngxaki. Bhala isivakalisi manani solwahlulo.
Solve the problems. Write division number sentences.

Yabela aba-5 ii-ezingama-35 ngokulinganayo.
Share 35 equally among 5.

35 ÷ 5 = 7

7

Yabela aba-3 ii-ezili-18 ngokulinganayo.
Share 18 equally among 3.



____ ÷ ____ = ____

____

Yabela aba-6 ii-ezingama-24 ngokulinganayo.
Share 24 equally among 6.

____ ÷ ____ = ____

____

Yabela aba-3 ii-ezingama-33 ngokulinganayo.
Share 33 equally among 3.



____ ÷ ____ = ____

____

2 Yabela aba bantwana ezi lekese ngokulinganayo.
Share the sweets equally.

2 ____ ÷ 2 = ____	3 ____ ÷ 3 = ____
4 ____ ÷4 = ____	6 ____ ÷ 6 = ____

Division (sharing)

3 Sombulula ezi ngxaki. Bhala izivakalisi manani.
Solve the problems. Write number sentences.

Ukhumbule ukusebenzisa uphindaphindo ukuze wahlule.
Remember to use multiplication to divide.

Yaba ngokulinganayo. Share equally.	Zoba umfanekiso uze ubhale isiphumo. Draw a diagram and write the answer.	uphindaphindo multiplication	ulwahlulo division
Izitoki ezili-15 phakathi kwahlobo aba-5. 15 lollipops among 5 friends.	 oololipop aba-3 emnye 3 lollipops each	5 x 3 = 15	15 ÷ 5 = 3
Yabela abahlobo aba-4 iibhisikithi ezingama-32. 32 biscuits among 4 friends.		___ x ___ = ___	___ ÷ ___ = ___
Yabela abahlobo abasi-9 iipenisile ezingama-27. 27 pencils among 9 friends.		___ x ___ = ___	___ ÷ ___ = ___

4 Gqibezela ezi zivakalisi manani.
Complete the number sentences.

6 x 3 = 18	18 ÷ 6 = 3
4 x ____ = 24	____ ÷ ____ = ____
____ x 3 = 30	____ ÷ ____ = ____
5 x ____ = 40	____ ÷ ____ = ____
____ x 7 = 14	____ ÷ ____ = ____

IVEKI 1 • USUKU 3

Ulwahlulo (ukuhlela)

IZIBALO ZENTLOKO
MENTAL MATHS
YAKHA AMA-20 NGAMAKHADI AMACHOKOZA
MAKE 20 USING DOT CARDS
→ UMDLALO
GAME
→ UPHUHLISO LWENGQIQO
CONCEPT DEVELOPMENT
→ AMAPHEPHA LOKUSEBENZELA
WORKSHEETS

UPHUHLISO LWENGQIQO | CONCEPT DEVELOPMENT

Sinezitoki ezili-12. Faka izitoki ezi-4 engxoweni. Kuza kufuneka iingxowa ezingaphi?
There are 12 lollipops. Put 4 lollipops in each bag. How many bags will you need?



1

Iingxowa ezi-3.
3 bags.

Sinamaqela ama-3 ezi-4. Oko kuthetha ukuba u-12 ÷ 4 = 3 uyafana no-3 x 4 =12.
There are 3 groups of 4. That means that 12 ÷ 4 = 3 is the same as 3 x 4 = 12.

Yalatha izivakalisi manani uze uthethe ngendlela esinokusebenzisa ngayo iitheyibhile zophindaphindo ukuze zisincede ekusombululeni iingxaki zolwabiwo/zolwahlulo.

Point to the number sentences and talk about how we can use multiplication tables to help us solve sharing/ division problems.

Amanani i-12 nesi-4 athetha ntoni apha: 12 ÷ 4 = 3?
What do the 12 and the 4 mean in 12 ÷ 4 = 3?

2

I-12 lisixelela inani lezitoki zizonke.
The 12 tells us how many lollipops there are altogether.

Isi-4 sisixelela inani lezitoki ezikwingxowa nganye.
The 4 tells us the number of lollipops that go in each bag.

Isi-3 sithetha ntoni kwisibalo 12 ÷ 4 = 3?
What does the 3 mean in 12 ÷ 4 = 3?

3

Isi-3 sisixelela inani leengxowa ezifunekayo.
The 3 tells us the number of bags that we will need.

Nika abafundi iingxaki zokuhlela eziliqela, ubakhuthaze baxoxe ngentsingiselo yezivakalisi manani zolwahlulo. Kufuneka abafundi baqonde ukuba xa belazi kwakuqala inani lezinto ezikhoyo kwiqela ngalinye, kufuneka bafumane inani lamaqela aza kubakho.

Provide learners with multiple grouping problems, encouraging them to discuss what the division number sentences mean. Learners should recognise that when they start off knowing how many items there are in each group, they need to find out how many groups there will be.

Division (grouping)

IVEKI • WEEK 1

USUKU 3 • DAY 3

Ulwahlulo (ukuhlela)
Division (grouping)

IZIBALO ZENTLOKO – MENTAL MATHS | YAKHA AMA-20 NGAMAKHADI AMACHOKOZA – MAKE 20 USING DOT CARDS → UMDLALO – GAME → UPHUHLISO LWENGQIQO – CONCEPT DEVELOPMENT → AMAPHEPHA OKUSEBENZELA – WORKSHEETS

1 Beka ngokwamaqela alinganayo. Mangaphi amaqela aza kubakho?

Put into equal groups. How many groups will there be?

2 amaqela ali-12 12 groups		3 amaqela a_____ _____ groups	
4 amaqela asi-_____ _____ groups		6 amaqela ama-_____ _____ groups	
8 amaqela ama-_____ _____ groups		12 amaqela ama-_____ _____ groups	

2 Fakela umbala uze ubhale isivakalisi manani.

Colour and write number sentences.

Yahlula ama-30 abe ngamaqela ama-6 ezi-5. 30 divided into 6 groups of 5.	Yahlula ama-36 abe ngamaqela asi-9 ezi-4. 36 divided into 9 groups of 4.	Yahlula i-16 libe ngamaqela asi-8 ezi-2. 16 divided into 8 groups of 2.
		
5 × 6 = 30	____ × ____ = ____	____ × ____ = ____
30 ÷ 6 = 5	____ ÷ ____ = ____	____ ÷ ____ = ____

IVEKI 1 • USUKU 3

Ulwahlulo (ukuhlela)

3 Mangaphi amaqela?

How many groups?

2

12 ÷ 4 = 3

Ngamaqela ama-3 ezi-4.

3 groups of 4.

5

____ ÷ ____ = ____

Ngamaqela ama-____ ezi-5.

____ groups of 5.

Bhala isivakalisi manani sokwahlula uze uzobe imifanekiso ukuze usombulule iingxaki.

Write the division number sentence and draw pictures to solve the problems.

7

____ ÷ ____ = ____

Ngamaqela ama-____ ezi-7.

____ groups of 7.

8

____ ÷ ____ = ____

Ngamaqela ama-____ ezi-8.

____ groups of 8.

4 Gqibezela izivakalisi manani.

Complete the number sentences.

5 x 7 = 35	35 ÷ 7 = 5
2 x ____ = 22	____ ÷ ____ = ____
____ x 9 = 63	____ ÷ ____ = ____
12 x ____ = 60	____ ÷ ____ = ____
____ x 4 = 16	____ ÷ ____ = ____
10 x ____ = 70	____ ÷ ____ = ____

Division (sharing and grouping)

IZIBALO ZENTLOKO
MENTAL MATHS

YAKHA AMA-20 NGAMAKHADI AMACHOKOZA
MAKE 20 USING DOT CARDS

→ UMDLALO
GAME

→ UPHUHLISO LWENGQIQO
CONCEPT DEVELOPMENT

→ AMAPHEPHA LOKUSEBENZELA
WORKSHEETS

UPHUHLISO LWENGQIQO | CONCEPT DEVELOPMENT

Kukho iibhola ezingama-45 ekufuneka zifakwe ngokulinganayo kwiingxowa ezi-5. Zingaphi iibhola eziza kungena kwingxowa nganye?

There are 45 balls that need to be packed equally into 5 bags. How many balls must go in each bag?

Kufuneka wenze ntoni ukuze usombulule le ngxaki?

What do you need to do to solve this problem?

Kufuneka sabele iingxowa ezi-5 iibhola ngokulinganayo. Iibhola ezisi-9 kwingxowa nganye.

We must share the balls equally between the 5 bags. 9 balls in each bag.

Kufuneka kufakwe iintyatyambo ezingama-27 ezivazini. Kwivazi nganye kungena iintyatyambo ezi-3. Kuza kufuneka iivazi ezingaphi?

There are 27 flowers that need to be put into vases. 3 flowers go in each vase. How many vases will you need?

Kufuneka sizihlele ezi ntyatyambo – siyazi ukuba kufuneka iintyatyambo ezi-3 kwiqela ngalinye. Kuza kufuneka iivazi ezisi-9.

We must group the flowers – we know 3 flowers must go in each group. We will need 9 vases.

Phinda la manyathelo ngezinye iingxaki zamagama zolwabiwo nokuhlela. Nika abafundi amathuba okuthetha ngeendlela abazisombulula ngazo ezi ngxaki. Bakhuthaze abafundi basebenzise ulwazi lwabo lweziphindwa neetheyibhile zophindaphindo ukuze lubancede ekusombululeni iingxaki ngokukhawuleza nangempumelelo.

Repeat the steps with other grouping and sharing word problems. Allow the learners opportunities to talk about how they solve the problems. Encourage learners to use what they know about multiples and multiplication tables to help them solve the problems more quickly and efficiently.

IVEKI 1 • USUKU 4

Ulwahlulo (ulwabiwo nokuhlela)

IVEKI • WEEK 1

USUKU 4 • DAY 4

Ulwahlulo (ulwabiwo nohlelo)

Division (sharing and grouping)

IZIBALO ZENTLOKO – MENTAL MATHS → YAKHA AMA-20 NGAMAKHADI AMACHOKOZA – MAKE 20 USING DOT CARDS → UMDLALO – GAME → UPHUHLISO LWENGQIQO – CONCEPT DEVELOPMENT → AMAPHEPHA OKUSEBENZELA – WORKSHEETS

1 Yahlula iibhola ngokulinganayo.

Share the balls equally.

2 ____ ÷ 2 = ____	3 ____ ÷ 3 = ____
5 ____ ÷5 = ____	6 ____ ÷ 6 = ____
10 ____ ÷10 = ____	15 ____ ÷15 = ____

2 Fakela umbala uze ubhale isivakalisi manani.

Colour and write number sentences.

Yahlula ama-21 abe ngamaqela ama-3 ezi-7. 21 divided into 3 groups of 7.	Yahlula ama-32 abe ngamaqela asi-8 ezi-4. 32 divided into 8 groups of 4.	Yahlula ama-42 abe ngamaqela ama-6 ezi-7. 42 divided into 6 groups of 7.
		
7 × 3 = 21	____ × ____ = ____	____ × ____ = ____
21 ÷ 3 = 7	____ ÷ ____ = ____	____ ÷ ____ = ____

3 Yabela aba-2 ii- ezili-18.

Share 18 equally between 2.

____ ÷ ____ = ____

____

Yabela aba-4 ii- ezingama-20.

Share 20 equally between 4.

____ ÷ ____ = ____

____

8

Division (sharing and grouping)

4 Yabela aba-3 ii- ezingama-21.

Share 21 equally between 3.

Zoba. Draw.	
isivakalisi manani sophindaphindo multiplication number sentence 7 x 3 = 21	isivakalisi manani sokwahlula division number sentence 21 ÷ 3 = 7
Isiphumo. Answer.	ololipop aba-7 emnye 7 lollipops each

Kukho ii ezi-4 ebhokisini. Kufuneka ube neebhokisi ezingaphi kwii- ezingama-40?

There are 4 in a box. How many boxes will you need for 40 ?

Zoba. Draw.	
isivakalisi manani sophindaphindo multiplication number sentence	isivakalisi manani sokwahlula division number sentence
Isiphumo. Answer.	

5

24 ÷ 3 = ☐	☐ x 3 = 24	☐ = 8
45 ÷ 5 = ☐	☐ x ____ = ____	☐ =
28 ÷ 4 = ☐	☐ x ____ = ____	☐ =
48 ÷ 6 = ☐	☐ x ____ = ____	☐ =
32 ÷ 8 = ☐	☐ x ____ = ____	☐ =

IVEKI 1 • USUKU 5

Uqukaniso

IVEKI • WEEK 1

USUKU 5 • DAY 5

Uqukaniso
Consolidation

IPHEPHA LOKUSEBENZELA WORKSHEET → IPHEPHA LOKUSEBENZELA WORKSHEET

1

	yahlulela ngokulinganayo share equally between	amaqela groups of	
	2 	14 2	28 ÷ 2 = 14
	4 	7 ____	____ ÷ ____ = ____
	7 	4 ____	____ ÷ ____ = ____
	14 	2 ____	____ ÷ ____ = ____

Masithethe ngeMaths!

Let's talk Maths!

NgesiXhosa sithi:	In English we say:
Yabela abahlobo aba-3.	Share between 3 friends.
amaqela ezi-4	groups of 4
amaqela ama-5 e-10	5 groups of 10
iitheyibhile zophindaphindo	multiplication tables
izivakalisi manan	number sentences
ulwahlulo	division

10

Consolidation

2 Yabela ngokulinganayo  abasi-8 ii-  ezingama-48.

Share 48  equally between 8  .

Zoba. Draw.	
isivakalisi manani sophindaphindo multiplication number sentence	isivakalisi manani sokwahlula division number sentence
Isiphumo. Answer.	

Kukho  ama-5 engxoweni. Zingaphi iingxowa ezifunekayo kuma  angama-35?

There are 5  in a bag. How many bags will you need for 35  ?

Zoba. Draw.	
isivakalisi manani sophindaphindo multiplication number sentence	isivakalisi manani sokwahlula division number sentence
Isiphumo. Answer.	

3

55 ÷ 5 = ☐	☐ × 5 = 55	☐ = 11
27 ÷ 3 = ☐	☐ × ____ = ____	☐ =
36 ÷ 6 = ☐	☐ × ____ = ____	☐ =
72 ÷ 9 = ☐	☐ × ____ = ____	☐ =
42 ÷ 7 = ☐	☐ × ____ = ____	☐ =

Ulwahlulo

	Izixhobo
Izibalo zentloko: Ukudibanisa nokuthabatha iziphindwa ze-10	azikho
Umdlalo: *IMaths ekhawulezayo ngedayisi namakhadi – phindaphinda!*	*idayisi, amakhadi amanani* abafundi



Usuku	Umsebenzi wesifundo	Izixhobo zezifundo
1	Ukuziqhelisa ulwahlulo	iLAB
2	Ukuziqhelisa ulwahlulo	iLAB
3	Ulwahlulo luka-0	iLAB
4	Amabali olwahlulo	iLAB
5	Uqukaniso novavanyo olujolise ekufundeni	iLAB

Emva kwale veki umfundi kufuneka akwazi ukwenza oku:	✓
ukuqonda ukuba uphindaphindo nolwahlulo yimiguqulwa.	
ukuchaza izivakalisi manani zophindaphindo nolwahlulo ezinxulumeneyo.	
ukwahlula u-0 ngokuqonda.	
ukuchaza iinkcukacha ezibalulekileyo kumabali olwahlulo.	

Uvavanyo

Uvavanyo olubhalwayo: Iingxaki zokudibanisa nokuthabatha nezivakalisi manani

Bhala phantsi amanqaku afunyenweyo kwali-12 kwiphetshana lamanqaku ekota.

Division

	Resources
Mental Maths: Add and subtract multiples of 10	none
Game: *Fast maths with dice and cards – multiply!*	*dice,* learner *number cards*




Day	Lesson activity	Lesson resources
1	Practising division	LAB
2	Practising division	LAB
3	Division of 0	LAB
4	Division stories	LAB
5	Consolidation and assessment for learning	LAB

After this week the learner should be able to:	✓
recognise that multiplication and division are inverse operations.	
identify related multiplication and division number sentences.	
divide 0 with understanding.	
identify important information in division stories.	

Assessment

Written assessment: Addition and subtraction problems and number sentences

Record a mark out of 12 in the term mark sheet.

Ulwahlulo

Ividiyo yezibalo zentloko

Kule veki siza kuziqhelisa ukudibanisa nokuthabatha iziphindwa zeshumi ukuya kwi-100. Utitshala ubhala amanani amivo mi-2 ebhodini aze anike umyalelo wokudibanisa nokuthabatha inani elithile lama-10. Yenza kubekho intsebenziswano ngokuyalela abafundi ababini ngexesha ukuba babize amanani amivo mi-2 namanani adityaniswayo /athatyathwayo. Bakhuthaze abafundi ukuba basombulule iingxaki ngokukhawuleza nangempumelelo ngokuthi bakhumbule iibhondi zamanani abazifundileyo.

Ividiyo yomdlalo

Kule veki siza kudlala *IMaths ekhawulezayo ngedayisi namakhadi – phindaphinda!* Lo mdlalo ukhuthaza ubuchule beebhondi zophindaphindo. Ukuze udlale lo mdlalo, kufuneka abafundi babe namakhadi amanani 0–20 nedayisi elinye. Abafundi bangaqalisa ukudlala ngamakhadi anomvo omye. Abafundi abafuna umngeni bangawasebenzisa onke amakhadi.

Ividiyo yophuhliso lwengqiqo

Kule veki siza kuziqhelisa ukusombulula iingxaki zolwahlulo ngokuchaza izivakalisi manani zophindaphinda nolwahlulo ezinolwamano. Siza kubhala izivakalisi manani zophindaphindo ezibini nezibini zolwahlulo kwingxaki nganye. Kananjalo siza kuqwalasela ulwahlulo luka-0 nokukwazi ukufumanisa ekufuneka sikwenzile kumabali olwahlulo. Kule veki siza kugxila koku:

- ukuqonda ukuba uphindaphindo nolwahlulo yimiguqulwa.
- ukuchaza izivakalisi manani zophindaphindo nolwahlulo ezinxulumeneyo.
- ukwahlula u-0 ngokuqonda.
- ukuchaza iinkcukacha ezibalulekileyo kumabali olwahlulo.

Into emayiqatshelwe kule veki

- Kufuneka abafundi bathathe inxanxheba ekuphandeni ngokwenzekayo xa besahlula inani elingu-0 Baza kufumanisa ukuba isiphumo ngu-0. (Xa kungekho not inokwabiwa , akukho not yabiwayo.)
- Kubalulekile ukuqonda ukuba inani elahlulwa ngo-0 (5 ÷ 0) alichazeki (oko kukuthi alenzeki). Oku kungadala ingxoxo, nabafundi kufuneka baqonde ukuba abakwazi ukwahlulela abahlobo abangekhoyo iilekese.
- Bakhuthaze abafundi bancokole nabanye ukuze baphuhlise ulwimi lwabo lwemathematika. Qinisekisa ukuba basebenzisa isigama sichanekileyo: **ucwangcisomanani**, **imiqolo**, **iikholamu**, **bala**, **phindaphinda**, **uphindaphindo**, **phinda**, **ukwaba**, **ulwabiwo**, **yahlula**, **amaqela**, **ukuhlela**

Division

Mental Maths video

This week we practise adding and subtracting multiples of ten up to 100. Write different 2-digit numbers on the board and call out an instruction to add or subtract a certain number of 10s. Make this more interactive by asking pairs of learners to call out the 2-digit numbers and the numbers to add/subtract. Encourage learners to solve problems quickly and efficiently by remembering their learnt number facts.

Game video

This week we play *Fast maths with dice and cards – multiply*! This game promotes fluency of multiplication facts. To play this game, learners need their 0-20 number cards and one dice. Learners can start playing with one-digit number cards. Learners who need a challenge can use all the cards.

Conceptual development video

This week we practise solving division problems by identifying the related multiplication number sentences. We write out the two multiplication and two division number sentences for each problem. We also look at dividing from zero and being able to work out what we need to do in division stories. This week we focus on:

- recognising that multiplication and division are inverse operations.
- identifying related multiplication and division number sentences.
- dividing from zero with understanding.
- identifying important information in division stories.

What to look out for this week

- Learners need to be practically involved in investigating what happens when they try to divide a zero quantity. They will discover that the answer is 0. (If I have nothing to share, I share nothing.)
- It is necessary to understand that a number divided *by* zero (5 ÷ 0) would be undefined (that is, it cannot be done). This may arise in discussion and learners need to see that they cannot share sweets between zero friends.
- Encourage conversation between learners so they develop their mathematical language. Ensure that they are using the correct vocabulary: **array**, **rows**, **columns**, **calculate**, **multiply**, **multiplication**, **times**, **share**, **sharing**, **divide**, **groups**, **grouping**

Ukuziqhelisa ukwahlula

IZIBALO ZENTLOKO
MENTAL MATHS

UKUDIBANISA NOKUTHABATHA IZIPHINDWA ZE-10
ADD AND SUBTRACT MULTIPLES OF 10

→ UMDLALO
GAME

→ UPHUHLISO LWENGQIQO
CONCEPT DEVELOPMENT

→ AMAPHEPHA LOKUSEBENZELA
WORKSHEETS

IZIBALO ZENTLOKO | MENTAL MATHS

Abafundi baziqhelisa ukudibanisa nokuthabatha iziphindwa zeshumi kwinani elinikiweyo.
Learners practise adding and subtracting multiples of ten to/from a given number.
Ukhumbule ukuqinisekisa umhla nokuphawula irejista yonke imihla.
Remember to check the date and mark the register every day.







Practising division

Imisetyenzana yokutyebisa • Enrichment activities

Usuku 1 Day 1

Bonisa ngoonotsheluza nangeebloko zesiseko se-10.
Show with flard cards and base 10 blocks.

247

629

852

189

417

371

594

763

910

285

Usuku 2 Day 2

Bonisa ngoonotsheluza nangeebloko zesiseko se-10.
Show with flard cards and base 10 blocks.

931

544

798

102

637

283

426

851

555

372

Usuku 3 Day 3

Gqibezela izivakalisi manani. Bhala ama-100, ama-10 nemivo.
Complete the number sentences. Write the 100s, 10s and 1s.

457 = _____ + _____ + _____

692 = _____ + _____ + _____

318 = _____ + _____ + _____

723 = _____ + _____ + _____

156 = _____ + _____ + _____

299 = _____ + _____ + _____

547 = _____ + _____ + _____

390 = _____ + _____ + _____

635 = _____ + _____ + _____

838 = _____ + _____ + _____

Usuku 4 Day 4

Gqibezela izivakalisi manani. Bhala ama-100, ama-10 nemivo.
Complete the number sentences. Write the 100s, 10s and 1s.

407 = _____ + _____ + _____

119 = _____ + _____ + _____

782 = _____ + _____ + _____

515 = _____ + _____ + _____

359 = _____ + _____ + _____

623 = _____ + _____ + _____

711 = _____ + _____ + _____

284 = _____ + _____ + _____

491 = _____ + _____ + _____

822 = _____ + _____ + _____

Ukuziqhelisa ukwahlula

UPHUHLISO LWENGQIQO | CONCEPT DEVELOPMENT

Kufuneka kupakishwe amaqanda angama-60 ezibhokisini zamaqanda. Ibhokisi nganye ithatha amaqanda ama-6. Kuza kufuneka iibhokisi zamaqanda ezingaphi?

60 eggs need to be packed into egg boxes. Each egg box holds 6 eggs. How many egg boxes do you need?

Ukuze sisombulule le ngxaki kufuneka sahlule ama-60 abe ngamaqela ezi-6.

To solve the problem we need to divide 60 into groups of 6.

Wazi ntoni ngophindaphindo nangolwahlulo, enokukunceda usombulule le ngxaki ngokukhawuleza?

What do you know about multiplication and division that will help you solve this problem quickly?

Ndiyazi ukuba iingxaki zolwahlulo ndingazisombulula ngokusebenzisa iitheyibhile zam zophindaphindo.

I know that I can use my multiplication tables to solve division problems.

Uchanile! Ungayisombulula njani ke le ngxaki?

That's right! So how can you solve this problem?

Ndiyazi ukuba 6 x 10 = 60, ngoko ke, 60 ÷ 6 = 10. Kufuneka ndibe neebhokisi ezili-10.

I know that 6 x 10 = 60 which means 60 ÷ 6 = 10. I'll need 10 boxes.

Phinda la manyathelo ngezinye iingxaki zamagama zolwabiwo nokuhlela. Bakhuthaze abafundi bacinge ngophindaphindo nolwahlulo njengemiguqulwa, kananjalo basebenzise iitheyibhile zabo zophindaphindo ukuze basombulule iingxaki zolwahlulo ngokukhawuleza nangempumelelo.

Repeat the steps with other grouping and sharing word problems. Encourage learners to think about multiplication and division as inverse operations and to use their multiplication tables to help them solve division problems quickly and efficiently.

Practising division

IVEKI • WEEK 2

USUKU 1 • DAY 1

Ukuziqhelisa ukwahlula
Practising division

IZIBALO ZENTLOKO – MENTAL MATHS | DIBANISA UZE UTHABATHE IZIPHINDWA ZE-10 – ADD AND SUBTRACT MULTIPLES OF 10 → UMDLALO – GAME → UPHUHLISO LWENGQIQO – CONCEPT DEVELOPMENT → AMAPHEPHA OKUSEBENZELA – WORKSHEETS

Umdlalo: IMaths ekhawulezayo ngedayisi namakhadi – phindaphinda!
Game: Fast maths with dice and cards – multiply!

- Dlalani ngababini.
  Play in pairs.
- Guqula ikhadi uze uphose idayisi.
  Turn a card and throw a dice.
- Phindaphinda!
  Multiply!

1 Gqibezela itheyibhile. Bhala izivakalisi manani.
Complete the table. Write the number sentences.

	imiqolo rows	iikholamu columns	uphindaphindo multiplication	ulwahlulo division
	5	4	5 × 4 = 20	20 ÷ 5 = 4
				
				
				
				

12

Ukuziqhelisa ukwahlula

2 Fakela umbala kwimiqolo nakwiikholamu kucwangcisomanani ngalunye. Bhala izivakalisi manani.

Colour rows and columns in each array. Write the number sentences.

imiqolo emi-6 neekholamu ezi-3 6 rows and 3 columns	imiqolo emi-5 neekholamu ezisi-8 5 rows and 8 columns	imiqolo esi-7 neekholamu ezi-2 7 rows and 2 columns
		
6 × 3 = 18	___ × ___ = ___	___ × ___ = ___
18 ÷ 6 = 3	___ ÷ ___ = ___	___ ÷ ___ = ___

3 Fakela umbala kwimiqolo nakwiikholamu kucwangcisomanani ngalunye. Bhala izivakalisi manani.

Colour rows and columns in each array. Write the number sentences.

3 × 4 = 12	4 × 8 = ___	5 × 6 = ___
		
12 ÷ 3 = 4	___ ÷ ___ = ___	___ ÷ ___ = ___
7 × 9 = ___	10 × 6 = ___	8 × 2 = ___
		
___ ÷ ___ = ___	___ ÷ ___ = ___	___ ÷ ___ = ___

Practicing division

IZIBALO ZENTLOKO
MENTAL MATHS

UKUDIBANISA NOKUTHABATHA IZIPHINDWA ZE-10
ADD AND SUBTRACT MULTIPLES OF 10

→ UMDLALO
GAME

→ UPHUHLISO LWENGQIQO
CONCEPT DEVELOPMENT

→ AMAPHEPHA LOKUSEBENZELA
WORKSHEETS

UPHUHLISO LWENGQIQO | CONCEPT DEVELOPMENT

Kufuneka kwabelwe abahlobo abasi-9 amapetyu angama-36. Uza kufumana amapetyu amangaphi umhlobo ngamnye?

36 marbles must be shared equally between 9 friends. How many marbles will each friend get?

Ndiyazi ukuba 9 x 4 = 6, ngoko ke, umhlobo ngamnye uza kufumana amapetyu ama-4.

I know that 9 x 4 = 36 so each friend will get 4 marbles.

Kunjalo! Ingaba ikhona enye indlela onokubhala ngayo 9 x 4 = 6?

Yes! Is there another way to write 9 x 4 = 36?



Uchanile! Bhala izivakalisi manani zolwahlulo esinokuzisebenzisa ekusombululeni le ngxaki.

That's right! Write the division number sentences that we can use to solve the problem.



Phinda la manyathelo ngezinye iingxaki zamagama zolwabiwo nokuhlela. Nika abafundi amathuba aliqela okuthetha ngeendlela abazisombulula ngazo ezi ngxaki. Bakhuthaze bacinge ngophindaphindo nolwahlulo njengemiguqulwa, kananjalo bachonge izivakalisi manani ezine ezinxulumene nengxaki nganye.

Repeat the steps with other grouping and sharing word problems. Allow the learners opportunities to talk about how they solve the problems. Encourage them to think about multiplication and division as inverse operations and to identify the four number sentences associated with each problem.

IVEKI • WEEK 2

USUKU 2 • DAY 2

Ukuziqhelisa ukwahlula
Practising division

IZIBALO ZENTLOKO
MENTAL MATHS

DIBANISA UZE UTHABATHE IZIPHINDWA ZE-10
ADD AND SUBTRACT MULTIPLES OF 10

→ UMDLALO
GAME

→ UPHUHLISO LWENGQIQO
CONCEPT DEVELOPMENT

→ AMAPHEPHA OKUSEBENZELA
WORKSHEETS

1 Yabela abahlobo abasi-7 iintyatyambo ezingama-35 ngokulinganayo.
Share 35 flowers equally between 7 friends.

Zoba. Draw.		
isivakalisi manani sophindaphindo multiplication number sentence	isivakalisi manani sokwahlula division number sentence	Isiphumo. Answer.

Kukho amapetyu asi-9 ebhokisini. Kuza kufuneka iibhokisi ezingaphi kumapetyu angama-54?
There are 9 marbles in a box. How many boxes will you need for 54 marbles?

Zoba. Draw.		
isivakalisi manani sophindaphindo multiplication number sentence	isivakalisi manani sokwahlula division number sentence	Isiphumo. Answer.

2 Sombulula ezi ngxaki zophindaphindo nolwahlulo.
